Limæinwa Isango

Enkosi, Mzalwan'uNeville. Enkosi. Kulunge kakhulu ukuba seNdlwini yeNkosi kwakhona. Ndibasoloko ndikuvuyela ukubuyela eMnqubeni kwakhona, nokuba sekusithiwa ndiye phi na. Ikho into nje malunga nalendawo indala endenza ndithande ukubuyela kuyo. Kukuthi nje, owu, ndi . . . Yaba libandla lam lokuqala nekuphela kwalo endakha ndalalusa. Kubonakala kuyinto elungileyo ke ukubuyela apha kwakhona. Kwaye ndiyakholwa ukuba ngaloo ntsasa inkulu xa ilanga liyakwala ukukhanya neenkwenkwezi zikufiphalise ukukhanya kwazo, ndiyakholwa ukuba kuyakuba kukho bathile basuka kulomnquba abayakubakho ngaloo mini, abahlanjwe ngeGazi leMvana. Ndiyalilangazelela elo thuba.

2 Ngoku bendiphuma phaya egumbini khona ngoku, ndihlangene noDade u-Arganbright phaya emva. Ebendixelela ukuba kukho abantu apha ababekwinkonzo eyayiseKingston, ababetyelele apho ngeloo xesha, ndaze nda . . . i . . . ndavuya kakhulu ukuba babelapha njengobungqina. Nokuba bandawoni na ukuba bangaphakamisa izandla zabo, ababekulaa nkonzo yaseKingston eJamaica. Kuphela, ewe, emva phaya emva kanye. Kulungile, intle loo nto.

3 Ndibona ikhadi leposi lika-Oral. Ndiyakholwa ukuba senazisile ngenkonzo yakhe. Bendingayazi nangoku, imihla, kwade kwayizolo. Ndiyacinga ukuba iqala ngowesithandathu, injalo? Ukuqalela kowesithandathu ukuya koweshumi elinesihlanu, uMzalwan'uRoberts uyakube eseLouisville. Ngoku, nize niyokumphulaphula. UMzalwan'uRoberts u—ungumhlobo wam osenyongweni, isicaka senene sikaKristu. Ndaye ndiyakholwa ukuba nakuyivuyela imiyalezo yakhe, ubusuku nobusuku. Kwaye u . . . u, naxa ethandazela abagulayo, ndi—ndiqinisekile ukuba niyakubona uThixo eshukuma, ngokuba ulijoni elikhulu lokholo, unjalo uMzalwana uRoberts, yaye uyindoda uThixo ayisebenzisa ngamandla. Kwaye ulungiselelo lwakhe lukhule ukusuka . . .

4 Ndikhumbula ukuqala kwam ukuhlangana noMzalwana uRoberts, wayekwintentana edlakadlaka ngaphaya e-St Louis, eMissouri, ndaye ndandise . . . hayi, eKansas City, eMissouri. Kwaye ndandise Kansas City, eKansas, kwiholo ethile. Wayehleli kwisihlalo esingaphambili. Emva kokuba inkonzo iphumile, sahamba sajikela ngemva sincokola. Baza bandazisa kuye. Uselula kunam; u-Oral usekwiminyaka yokuqala edlulileyo kumashumi amane. Waze wathi ke, "Ucinga ukuba uThixo angawuva owam umthandazo wabagulayo?"

Ndathi, “Mzalwana, Uyakuwuva nokabani na umthandazo xa enokuthi athandaze.”

Hayi ke, wanduluka, wathi, “Ndiyaya ke!”

5 Uyindoda echubeke kakhulu ke, enemfundo yasekholejini, uneminyaka emine yemfundo ye-psychology, kwaye ndiqinisekile ukuba u—uyindoda enengqondo. Ngoku ke sele efikelele ekubeni abenabasebenzi abangabacebisi abamngqongileyo, nezinye izinto, wade, xa ethetha, u—uyayicingisisa into. Kwaye niyakumvuyela ngenene, ndiqinisekile.

6 Ngoku ke ndingathanda ukukhe ndinike ingxelo encinane ngento iNkosi yethu eyathi yayenza kwinkonzwana yethu ethobekileyo eJamaica nasePuerto Rico. Yaba yinto engaqhelekanga ukuba ndiwele ndiye phaya, ngokuba mininzi iminxeba eyangenayo. Njengokuba uLeo lo esazi, ukuba umnxeba . . . Ukuze kwisithuba seveki nje, kubekho ngokupheleleyo nje amakhulu eendawo ezifuna iinkonzo. Kodwa nangoko ndiyakuthanda ukuziva ndikhokelwa kwindawo endiya kuyo, ndiyayithanda loo nto. Ukuba ndiya ngenxa yokuba abantu bethumelele ukuba ndize, xa kunjalo ndiza egameni laloo nkonzo okanye loo mbutho. Ukuba ndinokuhamba ngenxa yokuba uMzalwana uNeville ethe ndingaya, kungafanela ukuba ndiye egameni likaMzalwana uNeville. Kodwa ndiyathanda ukuya xa inguYesu othumayo, khon’ukuze uhambe eGameni leNkosi uYesu, ukuya kuhlangana nabantu.

7 Ndandingqengqe ebhedini, ndaye ndandibudinwa ke noko. Le ngxingwa, nokuba kunini na, kwakufuneka ukuba ndiyishiye le ngxingwa, ngokuba iyawaphula ngenene umqala wam ngokokude ningabi nakumelana nayo. Ndinganako ukumka ndiphinde ndibuyele kwakhona . . . Seza ngenye imini, inguLeo kunye nam, sikwisithuba seemayile ezingamashumi amane, emva kokuba sasisemigxobhozweni eFlorida, umqala uvulekile nje kakuhle, kwaze kwathi kwisithuba samashumi amane eemayile ukuza eLouisville wavaleka kwakhona. UMzalwana uBanks Woods ufanel’ukuba ulapha ndaweni ithile kusasanje. Kwaze ngenye imini singena sivela eKingston na—nasePuerto Rico, apho umqala wam wawuphile nje kakuhle, ndaza ndehla kwinqwelomoya, ndisaziva kamnandi; sathi nje phambi kokuba singene eJeffersonville, wavaleka kwakhona. ’Yabona, kusengxingweni apha. Kubakho iintsholongwane emoyeni, kungenjalo ibe nguThixo, enye, ezama ukundimkisa. Ngoko, andi—andiyiqondi. Ndithandaze ndacela kaninzi.

8 Kodwa, nangoko ndandisandula ukuvuka, kwakumalunga nentsimbi yesithathu ekuseni. Inkosikazi yam ke nenkwenkwana yam babelele. Ndaza ndaphakama ecaleni

lebhedi, ndabona inani elikhulu labantu ababehlanganisene kwindawo enkulu, ndaze ndathi kuBilly Paul, “Ngena phaya unike abaa bantu amakhadi okuthandazelwa.”

9 Waze wathi, “Kulungile, tata.” Emva kwemizuzu embalwa wabuya, waze wathi, “Awunakuba nakunikela ngamakhadi okuthandazelwa kwabaa bantu.” Wathi, “Uyayibona le ndoda imi apha?”

Ndathi,“Ewe.”

10 Wathi, “Ibikwelicala, ndaze ndathi, ‘Wonke umntu ofuna ikhadi lokuthandazelwa, phakamisani izandla’”. Waze wathi, “Bendiyokuyinika ikhadi lokuthandazelwa, yesuka yaya kwenye indawo. Ndaze ndawelela ngaphaya, wabe yena ekwenye indawo. Ngoku nanku ephaya emva kakhulu.” Wathi, “Andikwazi nokukhupha ikhadi elinye lokuthandazelwa.”

11 Ndathi, “Kulungile, Billy, sukubasakhupha makhadi akuthandazelwa ngokuba sikhulu kakhulu isithuba apha ngokokude wonke umntu abenako . . .” Amakhadi okuthandazelwa ngawokunqanda ingxushungxushu . . . ’yabona, nokokuze bagcineke ngocwangco. Ndathi, “Owu, ndinokuthabatha wonke umntu phaya, akungebi ngaphezu kokuba ndinesithuba endinaso, ndize ndibemise ngomgca ndibathandazele nganye nganye.”

12 Waze wathi, “Kulungile.” Waze wabuyela ngasekunene wemka kum. Ndaze ndaguquka *ngoluhlobo* njengokuba yena esimka ngolwaa *hlobo*, ndamkhangela.

13 Ndaza ndeva iLizwi liphuma eZulwini, lathi, “Kodwa ke ngelithuba ndizakuqalisa ukukwandisa.” Ndaze ndakhangela, kwaye andizange ndisibone isihlwele esingako sabantu, babesenza ibubu bephuma ndawo zonke.

14 Laze labizwa igama likaMzalwana uRoberts, kwathiwa, “Ngoku uMzalwana u-Oral Roberts uyeza ezokukubona.”

Ndaze ndathi, “Ndizakumbulisa njani uMzalwana uRoberts?”

Lathi, “Kanye ngalendlela akubulisa ngayo naye.”

15 Kwalunga, ndambona uMzalwana uRoberts esiza enxibe isuti emnyama, nomnqwazana onjengalo unxitywa nguBing Crosby, le mincinane iguqulwayo inyuswe itsalwe ihle, umnqwazi omncinane omnyama. Ndandimi ke kwindawo engathi ibuphakama, waze wajonga wathi, “Bhota, Mzalwan’uBranham.”

Ndaze ndathi, “Bhota, Mzalwan’uRoberts,” ndambamba isandla.

Wathi, “Sikho isihlwele sakho noko.”

16 Ndathi, “Sisihlwele esikhulu noko, Mzalwan’uRoberts.” Waze waguquka wemka ngalaa ndlela ebenze ngayo uBilly, esiya ngasekunene.

17 Ndaze ndacinga, “Ndizakuthetha nabo ndimi phi bethu?” Ndazama macalana onke ukufumana indawo endinokuthetha ndikuyo. Ndandikwenjani imeko, into esemazantsi, eyayingayiboni indawo endi—endinokuthetha nabo ndikuyo.

Kwaze kwakho mntu uthile wathi, “Kulungile, yiza ngapha.”

18 Ndathi, “Kulungile, awunakubona ngcono apho.” Ndahamba ke ndinqumla kuloo ndawo. Kwaye ndikhumbula le nto ngoko, ndathi, “Inye into ebalulekileyo kum ukuba ndiyenze kukuzigcina ndithobekile entliziyweni yam, njalo, phambi koThixo nabantwana baKhe.”

19 Ndaza ndaphuma kuloo mbono. Ndaze ndacinga, “Ithetha ntoni le nto? Mhlawumbi ithetha ukuba siyakuba nengako . . . Okanye iphi, ingaba uyakuba ephi?” Uyabona, ngamanye amaxesha, emibonweni, Akakuxeleli kanyekanye ukuba kuyakubaphi na, U—Uyathetha nje uze wena u . . . Isukube ikwimizekeliso, ngokunjalo. Kwaye ndiqinisekile nina bayifundayo iBhayibhile niyayiqonda loo nto.

20 Ndaze ke ndayakungena kwigumbi elingaphambili ndahlala phantsi umzuzwana, kwaye ke kwakumalunga necala leyesithathu okanye ngeyesine ekuseni. Ndaziva ndisozela kakhulu. Ndabuyela emva ndangqengqa phantsi, ndaza ndaphupha iphupha, yayilelona phupha lingaqhelekanga ke. Kwaye ngokuqinisekileyo abaninzi benu niyamazi omnye wabaphathi, uJack Moore, uMzalwana uJack Moore. Sekuyiminyaka ndimazi. Ndandicinga ukuba ndandiphume nentombi yakhe, intombazana emalunga neshumi elinesixhenxe ubudala, ndaye ndiyibambe ngesandla, ndiyikhokela ndiyinyusa induli, uJackie omncinane. Ke, ndimazi ukusukela eselusana oluncancayo. Kwaye ndandimkhokela ndinyuka induli, ndahamba ke umgama ongangezakhiwo ezithathu zasesixekweni ukunyuka endulini, ndikhokela le ntombazana. Saza sayakufika phantsi komthi omkhulu, yaza yahlala phantsi. Kwaye njengokuba amaninzi kumantombazanana afikisayo anamhlanje enxiba ezi lokhwe ziyimibhinqo zibufuvumala, uyazi, zibufuvumala, waye ke enxibe esinye sezoziketi zinjalo. Waza wasithabatha eso siketi wasithi saka wahlala phantsi. Kwaye njengoluhlobo ulutsha luye lujongane ngalo, wazisonga izandla zakhe *ngoluhlobo* waqalisa ukukhangela phezulu esibhakabhakeni. Ke, uJackie uyintombazana entle kakhulu, kodwa unomlomo obanzi omkhulu kunye namehlo abanzi amakhulu, neenwele ezibusanti, ezingenamtsalane kakhulu, kodwa ulinenekazi

lokwenene. Ndaye ndawabona amehlo akhe amakhulu njengokuba wayejonga esibhakabhakeni, naloo mfanekiso wesibhakabhaka wawusemehlweni akhe.

21 Kwalunga ndesuka ndimka kuye umgama weenyawo ezintlanu, ndaba bungqengqa ngecala *ngoluhlobo,* ndathabatha umcinga ndawufaka emlonyeni, ndaqalisa ukuhlafuna lo mcinga. Ndaza ndaqalisa ukucinga,"Ndenze ntoni apha? Kutheni, ibe ndim ixhego, ndibekunye nalentombazana incinci. Kutheni," ndathi,"Nditshatile kwaye ndineqela labantwana. Andinanto yakwenza apha kunye nalentombazana."

22 Ndaze ndaqalisa ukuphakama. Kwaze, ndakuba ndisenza njalo, iLizwi laphuma emthini apho, lathi, "Oku kokomqondiso nesizathu."

23 Ndaza ndavuka kwaye ndaphantsa ukukhala, i—ishologu. Ndacinga, "Owu, ingaba oku kuthetha ukuba ndizakuwa mhlawumbi kukho into ezakundihlela? Kulungile." Ndacinga, "ukuba ndizakuya ekuzameni ukusebenzisa eyam ingqondo, ndiyakusuka ndiyiphixanise, ngoko ndizakulindela nje kuThixo." Ndaqalisa ukuthandaza. Ndathi, "Nkosi, ingaba elaa phupha lisingisele kulaa mbono wangoku ekuqaleni kobusuku, kungenjalo lithetha ntoni?"

24 Emva kokulinda ixesha elithile, mhlawumbi iyure, (inkosikazi yam yayisele ivukile yalungisa isidlo sakusasa), laza labuya iLizwi kwakhona, laza lathi, "Yiza eKingston, uyakuyixelelwa apho ke into owoyenza."

25 Ngoko ngokukhawuleza ndaya eKingston. Baye babazisa ngenjikalanga yangoLwesine ukuba ndandizakubalapho ngoLwesihlanu. Lelo kuphela ithuba lokwazisa esaba nalo. Andinabuchule kakhulu ekwenzeni . . . ? . . . okanye ekuqikeleleni izihlwele, ngokuba ndisuka ndizibaxe. Kodwa kubusuku bokuqala, ndingathi sasinamalunga neshumi elinesibini, owu, malunga newaka elinamakhulu amabini abantu, abaphumayo, ngenxa yokuba yaziwa nje ngosuku olunye. Kwaze ngosuku olulandelayo baqalisa ngeembaleki ezazibaleka iimayile ezine, kugqatso lothathelwano, kunyukwa iintaba. Imbaleki enye yayibaleka iiyure ezine, ize inikezele kwenye imbaleki inyuke intaba. Ngobusuku besibini ke kwakukho malunga namawaka amahlanu. Kubusuku besithathu kwaqikelelwa malunga neshumi elinesihlanu lamawaka, mhlawumbi amashumi amabini. Baze ke bangamawaka aphindwe ngamawaka abathi beza eNkosini.

26 Ke umbono, yayilibandla elincinane, intombazana yayintombi eseyintombi, isengumntwana nje, loo nto yayithetha ubunyulu bebandla. Izakhiwo ezithathu zasesixekweni ukunyuka induli, yayizintsuku ezintathu

endandiza kuzishumayela. Ndize ndithabathe eloo bandlana liseyintombi ngentshumayelo yam, ndilisusa apho belikho, ndilinyuse kwizinto zikaThixo, ngokokude ishukumise sonke esoo siqithi.

27 Kwaye, owu, abefundisi nabantu abakufutshane, bekhala becenga bezama, “Nokuba bubusuku bunye nje okanye obubini kwakhona,” abaphathiswa beso sixeko.

28 Sesuka apho saya ePuerto Rico. Apho saba nenkulu, impumelelo ephakamileyo, kwaye amawaka aphindwe ngamawaka azalisa ibala lomdyarho, yade yaqikelelwa kumawaka omane imiphefumlo ethandekayo eyeza kwiNkosi uYesu. Kwaye ke ekumkeni, ndiyathemba ndi. . .ndinokukhe ndiyithethe lento kwibandla lam, kodwa bendingakuyenza esidlangalaleni, kwindawo apho amakhaya angekho kufutshane, ngokuba yayisenokukhangeleka kakubi. Kodwa ndinalo igama lejaji apha kwisiqwenga sephepha. eyayisenza intetho ekumkeni kwethu, yona ikunye nabasebenzi bayo.

29 Yathi ke—yathi, “Siye sahlonitshwa kwesi siqithi ngokuthi sibe nabalungiseleli ngabalungiseleli.” Yathi, “Ngoku uMnu.Billy Graham ebesandula ukumka kwesi siqithi kutshanje.”Yathi, “besine—besinenkonzo emangalisayo,” Yathi, kodwa uBilly Graham ubesizisele nje laVangeli inye sihleli siyiva.” Yathi, “Saza saba nembeko yokuba noMnu. uRoberts apha esiqithini.”Yathi “waza uMnu.Roberts wasipha inkonzo enkulu yeentsuku ezintathu. Kodwa,” Yathi, “iindleko beziphezulu kakhulu ehotele,” Yathi,“kwashiyeka amawaka amathathu anesihlanu eedollar obusuku obuthathu, eendleko zehotele.” Yathi “Kwakhona uMnu.Osborn ebelapha, obesisicaka esikhulu sikaKristu. Kodwa,” Yathi, “akumka uMnu.Osborn, kwabakho udano,” wathi, “kwakhangeleka ngokungathi kumke yonke into.

30 “Kodwa,” yathi, “siqaphele kulomhlangano ukuba bekuphantse ukungabikho mntu eqongeni wokuba athandazelwe nguMzalwana uBranham. Kodwa,” yathi, “emva kokuba inkonzo iphumile, besichola imithwalo yeenqwelo yezitulo ezidala neentonga nento yonke, sizikhupha phaya kwisihlwele.” Yathi, “Ibingengomntu ngelithuba, uThixo ebeze kuthi,” yatsho.

31 Ndathi, “Musani ukulindela imithandazo yam, koko yimithandazo yenu apho ezantsi, bekanani izandla.” Kwaye babesizisa ishumi elinesibini mhlawumbi liphindwe kabini, kuze lakuhla ucalulo, abantu basuke bakhale. Sasihlala kwihotele yodidi lwesine, saza sazihlawula zonke ezethu iindleko neendlela, ngokwethu.

32 Nini enincede ukwenza oko, ngokwenu, ngezishumi zenu enindithumela zona. Zizo ezenze loo nto. Yaye ndifuna ukuba

niyazi loo nto, kuyo yonke loo nto, ninenxaxheba kuyo. Kwaye yakufika imini enkulu yozuko, uThixo uyakunivuza ngaloo nto. 'Yabona, anizange nibe . . .

33 Ukuba umntu ngokwakhe uya ekwenzeni izinto, ngoko, uyabona, akumka loo mntu, bayacinga, "Udano olukhulu, uThixo usishiyile." UThixo akakushiyi. Uba nawe njalo. 'Yabona, kukungena kangangoko kuyo njengaye, njengaye nabanina. UThixo angamsebenzisa umntu kulungiselelo oluthile, kodwa oko akuthethi ukuthi loo mntu unelungelo lokuzinyulela kuThixo. Lukholo lwakho kuThixo.

34 Babephuma ke apho ngeenqwelwana, ababezithathe njengenqwelana zentsana ezinamavili, baze—baze bathabathe iplanga, babangqengqise phezu kwalo abantu babaqhube. Kuthi ke emva kokuba inkonzo iphumile, lonke ibala lomdyarho lalisala lingenanto, babesiya neenqwelo bazikhe nje ezoo nqwelo zincinane nezitulo ezikhulu ezidala, neentonga neebhedana ezincinane neebhedi, kanye apho babevele abantu baphume bazishiye, ngokuba uBukho beNkosi babulapho. Nantso ke into esifuna ukuyibona. Umntu akungabikho emcimbini, uThixo uyasebenza.

35 Ndibuyile, ukuza kunceda nje kusasanje, ndizakuthetha kwimizuzu embalwa nje. Kwaye ke bendibacelile abafana ukuba bangasikhululi isishicileli-mazwi. Zibe ntathu iintsuku ndizama ukucinga, "Ndizakuthetha ngantoni bethu?" Kwaze kusasanje phambi kokuba ndihambe, ndeva isiyalo esingqongqo kakhulu entliziyweni yam sisiza kwibandla. Ndaza ndabaxelela, "Ningashicilela, kodwa ningayikhululi ukuba ithengiswe."

36 Kodwa phambi kokuba sikwenze oku, ndingathanda ukuninika nje ubungqina obuncinane, ukuze bunivuselele. Bandivuselela nam. Sasiphume saya kuhambo lokuya kuloba lweentsuku ezintathu, inguLeo noGene kunye nam, nonyana wam uBilly Paul nenkosikazi yakhe,saya ezantsi kwisihlobo esihamba apha eMnqubeni phaya ezantsi eGeorgia. Basithabatha ke basisa sangena kumgxobhozo othile, andisayazi nokuba kwakuphina ngoku, ngase Okeechobee mhlawumbi into enjalo, andilazi eloo gama awalithiyayo amaIndia angamaSeminole. Kodwa, nangoko sasisemva kwimayile ezininzi.

37 Lo Mzalwana u-Evans ke, umntakwabo ungumoni. Kwaye ungumlobi mdala, uphindele phaya emigxobhozweni kwiinyanga ezimbalwa ezidlulileyo. Apho ke banalento bayibiza ukuba yi"Ground Rattler." Yaza ke iGround Rattler yamluma, waze waphantse ukungaphili. Amalungu akhe adumba, bamthabatha bamsa koogqirha baze bamnika iinaliti. Ezaa zinto zinetyhefu. Banazo ke nee-Cottonmouth ezininzi apho, ii-Cottonmouth, ii-Mocassin, iingwenya ezinobude

obunokuyakuma kwiinyawo ezingamashumi amabini. [IiGround Rattler, Cottonmouth neMocassin, zinyoka zaseMelika—Mguq.]

38 Sathi ke sisaloba phaya, ndandibambise intlanzi enkulu kakhulu yomlambo. Owu, yayulusuku olululo lo—lokuphumla. Yayinkulu kakhulu ke ndingakwazi ukuyikhupha emanzini yaza yavela nje yayolula ihaki yemka, okanye yazitsala yazikhulula. Sasinazo zininzi ke ezoo ntlanzi zinkulu zomlambo, malunga nekhulu elinamashumi amahlanu eeponti intlanzi ukuba nkulu. Kwaye zona, ezinye zazo zineqela leeponti ubunzima, nokusukela kwezine ukuya kwezisixhenxe, iiponti ezisibhozo. Ndabamba le inkulu ke, yaza yakhululeka.

39 Ndaza ndaphosa kwakhona, ndaza nda—ndabambisa enye, imalunga nesithandathu, isixhenxe seeponti ubunzima. Ndandinoqalo olude endandinokuliphakamisa phezu kwenkatha yeenyibiba. UMzalwana u-Evans ke wayene . . . Sasimanzi sonke ke kukugruphula emanzini, ngokuba yimigxobhozo nje. Wenyusa imikhono yakhe ke wadophola imilenze yebhulukhwe yakhe, ehleli kwindawana eyomileyo, ezama ukomisa impahla yakhe. Waza wabona loo ntlanzi inkulu izibhuqabhuqa ijikela ezihlahleni, ndandigruphula ndisiya ngakuyo ke. Wathi, "Yima umzuzwana, Mzalwan'uBranham, ndizakukubambela yona." Wabaleka waphumela kuloo ndawo. Ndandiyitsalile ndayinyusa, ndiyaqikelela ukuba loo ntlanzi yayiseyizakufa, ilele phaya ezinkatheni zeentyatyambo. Wabaleka ke esiya kuyichola. Wathi akwenjenjalo, watsho ngesikhalo, nanko ke ebuya. Wayelunywe yi-Rattler.

40 Saze sayikhangela, nantso imingxuma yamazinyo enyoka elunyaweni lwakhe apho yayimlume khona i-Rattler, yayimqaqambela ngolona hlobo ke kwada kwakho iinyembezi emehlweni akhe. Wathi, wayeziva ngathi amathambo akhe ayesuke nje aphelelwa oma. Apho ke sasikhona, kwakukwiimayile ezininzi phaya emva emgxobhozweni. Uyindoda enkulu ke apho sasinokumfunqula. Kube xa inyoka ikulumile, ugula kakhulu kwimizuzu embalwa ude ufune ukufa. ULeo ke wayemi apho ekho. Kwasuka kwakho into efikayo engqondweni yam, "Usenguye uThixo!" Wathi esalubambile unyawo lwakhe eluphulula, yabe loo mingxuma mibini yamazinyo enyoka ilapho apho i-Rattler yayimbambe khona, ndabeka isandla sam kuloo ndawo ndathi, "Nkosi, kubhaliwe eLizwini laKho, 'Bayakunyathela kwiintloko zenyoka nezigcawu, kuze oko kungabi nakubenzakalisa.'" Kwathi ke kanye ngaloo mzuzu, zonke iintlungu zaphela kunyawo lwakhe. Wanxiba izihlangu zakhe waloba imini yonke.

41 Wangena ngobo busuku wabaxelela ngaloo nto, bathi, "Kungcono uye kugqirha."

42 Wathi, “Ukuba uThixo undikhusele kwade kwangoku, uyakundikhathalela yonke lendlela iseleyo.” Saloba iintsuku zantathu, kungazange kubekho kugula kubonakalayo konke.

43 UThixo usenguThixo. Uzigcina zonke izithembiso. Kwaye kulo lonke ulungiselelo lwam, kwakukokokuqala ndibona uThixo esiza kwinxeba lenyoka, ngokuba yayikokokuqala ndithandazela umntu olunywe yinyoka. Loo nto yenza nje ukuba wazi ukuba Uwagcina onke amadinga aKhe, nokuba amazwi aKhe alungile ayinyaniso. Amen.

44 Nizikhumbule iinkonzo zangokuhlwanje nangalo Lwesithathu uzayo. Nize nincede nithandazele umntu okusweleyo ukuthandazelwa, ndim ke lowo. Kwaye, khumbulani, niye kwinkonzo kaMzalwana uRoberts yakufika apha edolophini, nimbulise ngombuliso ovela apha eMnqubeni.

45 Phambi kokuba sifunde iSibhalo, ndi—ndingathanda ukuba sime ngenyawo zethu okomzuzwana nje. Ke, ngaphandle kwezinto ezikhalayo, makhe sicule ikhorasi nokuba mabini weculo elizukileyo lakudala lenkonzo, “Lukhangela kuWe Ukholo Lwam.” Kulungile, wonke umntu angenelele kunye nam ngoku, makhe silicule. Ungacingi ngendlela olicula ngayo,liculele uzuko lukaThixo. Ungasikhokela kulo Mzalwan’uNeville?

Lukhangela kuWe
Mvana yeKalvari,
Msindis’ongcwele;
Ndive ndithandaza,
Susa ityala lam,
Kususela namhla
Ndenz’owaKho!

Ndisacandudada,
Lwentlalo enzima,
Ndikhokele;
Susa ubumnyama,
Sula iinyembezi
Mandingaze ndimke
KuWe ndlela.

46 Sizithobile iintloko zethu, ndiyakuthanda ukufunda kwimibhalo engcwele yeBhayibhile, UMateyu oNgcwele, isahluko sesi-7, imiqolo ye-13 ne-14. Kwaye yanga iNkosi ingongezelela iintsikelelo zakhe ezityebileyo sisalifunda nje.

Ngenani ngesango elimxinwa; ngokuba libanzi isango, iphangalele nendlela, esa entshabalalweni, baninzi ke abangena ngalo.

Ngokuba limxinwa isango, icuthene nendlela esa ebomini, bambalwa ke abalifumanayo.

47 Masithandaze. Owu Thixo, Wena uyibuyisileyo kwakhona iNkosi uYesu ekufeni nasengcwabeni, waza waMnikela kuthi kusasanje njengeDini eliphilileyo, sibunikela ngokuthobekileyo ngokutsha ubomi bethu kuWe, ngengcinga yokwazi ukuba unokusikhumbula oluhlobo. Sisengaboni, sifile zizono nazizigqitho, Wathumela uNyana wakho okuphela komzeleyo, enziwe wakwimo yenyama enesono, ukuze abe yintlawulelo yezono zethu, ukuze Ongenatyala, abulaleke ngenxa yabanetyala, ukuze asibuyisele ngokusixolelanisa kwakhona ebudlelaneni naWe.

48 Kwaye, Owu Thixo, ukuba kukho isono phakathi kwethu kusasanje, into enokuthi ithintele uMoya oyiNgcwele ekuziseni kuthi uMyalezo kaThixo kwintliziyo zethu ngabanye, siyakuthandazela oko, ngokuthobeka, Nkosi, Sixolele izigqitho zethu, Sicoce ngeGazi leNkosi uYesu. Njengokuba sisazi kuthi ngokwethu ukuba akukho nto isithi, saye siyavuma ukuba akukho nto isithi, kodwa Wena ke ungcwele, Wena uyinyaniso, Wena ulilungisa, Wena unguloo Mthombo wenceba. Sikhasela apho ke ngokuthobeka namhlanje, njengemiphefumlo ezohlwayayo. Njengokuba ubungqina sebuphumile, buvela eJamaica nobuvela ePuerto Rico, nalapho Usebenze khona engako ukuba mikhulu imisebenzi, Owu Thixo, oko kungumqondiso Wokuza kwaLowo Ulilungisa.

49 Indlela Owahlangula ngayo uMzalwana u-Evans kumazinyo anetyhefu alo nyoka, ngenxa yokuba elikholwa, kwaye aMazwi akho ahlala eyinyaniso. Ngoku, Nkosi, sihlangule kumabamba okufa kusasanje, apho utshaba lusilume khona lwasifaka ityhefu. Makathi amafutha aKho aqholiweyo empiliso, kusasanje Nkosi, ayinyakamise imimoya yethu asihlambulule kuko konke ukungalungisi. Philisa ukugula kwemizimba yenyama eyaphukileyo ngamandla otshaba. Bonke abaphambi koBukho obuNgcwele, bangangaphiliswa.

50 Thetha nathi ke ngoku ngeLizwi laKho elibhaliweyo, Nkosi. Ndingayazi into endizakuyithatha, kodwa nguWe oyakundibonelela ngayo. Kwaye Uyasiyala, Nkosi, usilungiselela uKuza kwaKho. Kuba oku sikucela eGameni likaYesu nangenxa yaKhe. Amen.

51 Ndihlala ndisemva kwexesha kancinane, ngokuba bendilindile ngoku. Kwaye isikolo seCawe, ndiyaqikelela, siphumile. Kodwa ikho into ekhoyo malunga noku, ndithi ndakufika ekhaya ndisuke ndive ngathi ndinexesha elininzi. Uyazi, sisekungxameni okukhulu, kakade. Noko, sizakukholwa nje kuThixo.

52 INkosi yethu yayisinikela kubantu besizukulwana saYo esisiyalo singqongqo, abantu bangengabakhonzi kakhulu. Waze ke wathi, “Limxinwa isango icuthene nendlela, esa

eBomini, bambalwa ke abaLifumanayo." Ngoku kwakungekho ngenxa yokuba babengengobakhonzi. Babengabakhonzi ngokugqithisileyo. Kwaye ngenxa yokuba babethembele ecaweni nakwizithethe ezithile namahlelo, baze bakholwa (kangangoko) kuThixo, bacinga ukuba yonke into yayilungile. Kodwa Wayebaxelela ukuba babembalwa ababeyakungena.

53 Kwaye andazi namhlanje ukuba andinakusifanisa na eso sizukulwana nesizukulwana. 'Yabona, kwakusekuvalweni kwesigaba samaYuda, Wayebhekiselela kwabanye nakwiziphelo ezahlukileyo zezigaba ezahlukileyo, waye ebaxelela ukuba kwa loo nto inye yenzeka kwizigaba zamaxesha angaphambili yayisenziwa phambi kwabo ngoko. Baze basilela ukuyiqaphela. Masibone ke ezinye zezinto Awayethetha ngazo.

54 Bona, ngokomzekelo, babengakholwa ukuba uThixo wayekulaa Ndoda. Yayisesona sithintelo sikhulu babemelwe kukuqabela ngaphaya kwaso eso, yayikukuba kwakunokuthini ukuthi Yena enguMntu aZenze uThixo. Babengayiboni indlela anokuthi ngayo uThixo ahlale enyameni yomntu. Kwaye kwizigaba zexesha zonke, kumaxesha onke, uThixo wabasoloko ehlala emntwini. UMntu uyinto yokusetyenziswa nguThixo. Kuso sonke isizukulwana, uThixo uthetha kubantu baKhe ngemilebe yomntu. Uhlala enyula umntu okanye into ethile Anokuyisebenzisa.

55 Wabhekiselela kubo ke, ngokuthi sisikhubekiso esinjalo, ngo Abraham. Wathi, ebaxelela, "Ukuba nizibiza ngokuba 'ningabantwana baka Abraham', u-Abraham'uyihlo', wawubona uMhla Wam wakuvuyela ukuwubona. U-Abraham umprofethi." Kungaphandle kwamathandabuzo ukuba uYesu wayebhekisa kubo ukuba Wayebabonisile ukuba WayenguMesiya, ngokuba umqondiso kaMesiya wawuMlandela. Kwaye kwasoloko kunjalo kuso sonke isizukulwana, ukubakho, komqondiso kaMesiya. Kodwa Yena eZenza uThixo uMesiya ngokwaKhe, loo nto yabakhubekisa. Babengenakuyiqonda.

56 Ngoku, wathi u-Abraham (ababembiza ngokuba nguYise wabo) akuhlangana noThixo, Wayesenyameni nangoko, ngokuba wadla inyama yethole, wadla isonka sengqolowa, esela nobisi, nebhotolo, kanye phambi ko-Abraham, kanti WayenguThixo. U-Abraham waMqonda, uThixo, waMbiza ngokuba "ngu-Elohim", onguYehova Onamandla Onke. INdoda enxibe impahla, inothuli eMzimbeni waYo, yahlala phantsi komthi, isenzela umthunzi, yadla inyama yasela ubisi. Kodwa loo Majuda abandayo, antliziyo zikhohlakeleyo, azithandayo, angamalungisa akazange akholwe kuYe ukuba unguNyana kaThixo, aze abiza u-Abraham ngokuba nguyise wawo. Waye ke ebazisa ukuba wayesenza kwa ezo zinto zinye

eNyameni yaKhe, ezo uThixo wazenzayo ekwenye inyama ekuhlanganeni kwaKhe noyise wawo, u-Abraham. U-Abraham wayikholelwa. Bona ke abazange bayikholelwe.

57 Uyabona, ngexesha u-Abraham wayehleli phantsi kwentente yakhe ngokuba wayezinyulele, ukuzinyulela kuziswa phambi kwakhe wonke umntu ozelelwe kweli hlabathi. Umthi wokulungileyo nowokubi ubekwe phambi kwakhe wonke umntu. Kwaye ngexa uLothe, unyana kayisekazi, nabalusi babo baqalayo ukuxambula malunga nemihlaba; u-Abraham eyindoda elilungisa, wathi kubo, "Makungabikho ngxoxo phakathi kwethu. Zikhethele nje indlela owohamba ngayo." Loo ndawo iyafika kubomi balo lonke ikholwa. Kwaye iphambi kwakho kusasanje, iphambi kwam nam.

58 ULothe akazange azicingele ukuba wayezakuwa, kodwa waya ekukhangeleni ngase Sodom apho izinto zazilula khona. Maninzi ke amaxesha apho siye sijonge kwindlela elula. "Ndizakujoyina icawe ethile-thile, kwaye, uyabona, akukho mntu uyakuthetha ngokuchasene noko, ngokuba yeyona cawe inkulu apha esixekweni." Indlela elula! Ngamaxesha amaninzi senza loo nto, xa, singaqhubi kakuhle!

59 Khumbula, ukuba ulandela uKristu, uyakuthiywa ngabantu, kuba bonke abaphila ngokuhlonela uThixo kuKristu uYesu bayakutshutshiswa. Kananjalo ukuba uza kuKristu, awuyazi kuza ngankonzo ithile okanye naliphi na ihlelo, okanye nawuphi na umgaqo. Uyakuza ngeGazi, nalo kuphela ijelo lokungena. Kananjalo akukho mntu unokungena kunye naye, uyakuza uwedwa uze ume phezu kolwakho uvumo nokholo olulolwakho. Awusayi kungena uxhomekeke kumfundisi, okanye kukholo lukamama wakho. Uyakungena ungumntu ozimeleyo xa usiza kuThixo! Kwaye ngamaxesha amaninzi siyakwenza oko kuzikhethela kungekho ngqondweni.

60 Kunokuthi ukuba uLothe, wathi akubona yonke into ilula . . .? Wabona apho ikhoyo imali eninzi nodumo oluninzi, ngenxa yokuba wayezakuba ngumntu wasemzini, abe yindoda enengqondo, efundileyo, enolwazi-ngqondo ipsychology eninzi, waye ke wayenokuzenza izinto izithile abe ke nangoko eyigcinile inkolo yakhe. Wayecinga ukuba, "Ndinokholo kuThixo, ngoko ke ndizakuhla ndiye phaya ezantsi eSodom ndaye ndi—ndizakuzenzela imali ethe chatha, ndaye ke ndiyakuba ngumntu obalulekileyo, mhlawumbi umshumayeli omangalisayo." 'Yabona, kukho ukuzinyulela ekufuneka ukwenzile.

61 Nomntu ongumkhonzi nje umelwe ukuzinyulela. "Ndizakuya kulaa nkonzo ithile phaya. Owu, wonke umntu apha edolophini ucinga ukuba iyeyona yona! Ngoba, usibonda wesixeko uhamba kule cawe." Ngoku, ebesenokuba lilungu le nkonzo elunge ngenene, kodwa kufuneka uyicikide inkonzo

nabantu bayo ngeZibhalo. Ngamanye amaxesha baye ngenxa yokuba iyindlela edumileyo, a—abantu benxiba ngcono abaya kuloo ndawo ithile. Nako ke apha senza khona i—impazamo yethu eyingozi. Ngoku qaphela oku.

62 No-Abraham, inye into awayenokuyenza yayikukuba abe ngowesibini ekunyuleni. Kwaye ngamanye amaxesha ukuzinyulela ungowesibini kokona kungcono kunokuqala, ukuba kuthatyathwe ngolo hlobo. Qaphela, kwakungekudala, apho uLothe wathi wasibona isixeko esikhulu, wayengayiboni inkosikaza yakhe ijika iba sisimo setyiwa, nangoko, wayengawuboni umlilo usitshisa isixeko. Kodwa u-Abraham wathabatha indlela ekunye nabambalwa abacekisiweyo beNkosi. Wahlala koozintlango.

63 Kanti, nangoko, kwakunokuthini ukuba uSarah wayenokuthini . . . Ngoku ukhumbule, uSarah wayengoyena mfazi mhle kwelo lizwe lonke. Kwakungekho mfazi mhle njengoSarah. Wonke umntu, owambonayo, wasuka wamthanda. Ngoku, kwakunokubalula kakhulu kuSarah ukuba athabathe oloo hlobo lokuzinyulela. Kodwa wanyula ukuhlala no - Abraham.

64 Owu, bafazi, musani ukuvumela uSathana animfamekise, ngokuduma nokujonga *le* na *leya*. Hlalani noKristu! Kuba, iyure isondele, iintshabalalo ezinkulu zisendleleni, ezingaphezu kweSodom neGomorrah, kweli lizwe. ISodom neGomorrah ziyakuba sisibonelo kulo.

65 Ngoku, ngeli lixa u-Abraham wayethabathe indlela awayeyinikwe nguThixo, waza wafumana owona mhlaba ubhityileyo, akazange abe nampumelelo konke konke. Kodwa nangoko wayesazi into enye wayekhonza uThixo kwaye wayekholwa kuThixo.

66 Ngoko ngenye imini kwafika amadoda amathathu, kwaye ayenothuli mpela ediniwe, u-Abraham wawavela usizi, wathi, "Dlulani ngapha nihlale phantsi komthi wom-oki umzuzwana." Wathi ke esemi apho ethetha nawo, waqaphela ukuba yayingengomadoda aqhelekileyo nje kuphela. Ngendlela athetha ngayo, ayahlukile. Waza u-Abraham wangena waxhela ithole wathi malilungiswe, wathi uSarah makenze isonka alungiselele ukuwaphakela.

67 Ngoku khumbula, amabini kuwo ayeziNgelosi, iiNgelosi zikwinyama yomntu, enye yawo ke yayinguThixo ngokwaKhe. Le yayinguThixo ke yayize ngomva Wayo ententeni.

68 USarah yena wahlala ententeni. Ndiyathanda ukubona umfazi egcine indawo yakhe ngolo hlobo, angaphumi ayokuxelela indoda yakho into emayizenze, esenza njalo qho ukuba kubekho umntu ofikayo. Koko wahlala ententeni. Ngaphandle kwamathandabuzo, mhlawumbi wayehlamba izitya okanye kukho into ethile awayeyenza.

69 Le yona yayinguThixo, Yaba soloko iphunguzela ngaseSodom, Yaze ke yabaxelela into eyaYiza kuyenza. INgelosi ezimbini ke zehla zaya khona zakushumayela iVangeli. Kodwa enye Yashiyekela, yayiyiLeyo ke yayinguThixo, yaze Yathi, “Andinakuzigcina iimfihlelo eNdizaziyo ndingamxeleli uAbraham, ngokuba uyakuba yindlalifa yehlabathi.”

70 Owu, sinelungelo kusasanje, bandla, lokuba sizazi imfihlelo zokuZa kweNkosi. Kuba, “Banoyolo abaxolisi, ngokuba bayakubizwa ngokuba ngabantwana bakaThixo. Banoyolo abalambayo banxanwe, ngokuba bayakuhluthiswa. Banoyolo abahlambulukileyo iintliziyo, ngokuba bayakumbona uThixo bona. Banoyolo abanobulali, ngokuba bayakuwudla ilifa umhlaba.” Ngoko, ukuba ibandla likaThixo ophilileyo liyakuwudla ilifa umhlaba, akukho zimfihlelo lingazaziswayo.

71 “Konke awaNdixelela kona uBawo, Ndinixelela nani,” watsho uYesu. Abazange bakholwe kuYe ke.

72 Ngoko ngemihla ka-Abraham, njengokuba Wayebhekiselele kuyo, Wathi njengokuba u-Abraham wayethethene neSithunywa, Saba ke intente siyinikele umva, yaze Samxelela u-Abraham ukuba Izakumndwendwela ngomntwana. USarah ke, ententeni, wahleka. Yaze Yathi, “Uhlekele ntoni uSarah?” Yayibonisa ntoni? “Uhlekele ntoni uSarah?” Kwakuziyure nje ezimbalwa phambi kokuba kube yintshabalalo, ukwenzeka kwaloo nto. Kuphambi komgwebo kanye, loo mlilo wehla ezulwini wasitshisa isixeko, wabe wenziwe loo mqondiso.

73 Wathi ke uYesu, “Niyalahleka,” esitsho koogqirha abakhulu bokwazi-nzulu, kwisizwe esasikholwa apho ngokuphandle nje yayizizigidi ababekholwa. Wathi, “Niyalahleka, ngokuba ningazazi iziBhalo kwanaMandla kaThixo.” Kwisizukulwana esinjalo, esasingamadoda aqeqeshwe ngolona hlobo, awayezizifundiswa ekhuliswa libandla. Wayesithi umntwana akuzalwa, abe engowebandla. Kwakunyanzelekile ukuba ube ngumSirayeli. Kwintsuku ezisibhozo emva kokuzalwa kwakho, yayilulwaluko, ube ke ubungumSirayeli indawo yokuqala. UbuPriste ke babuvela kubaLevi, ababeqeqeshwa kumakhulu eminyaka ngeZibhalo. Ukanti uYesu wathi, “Niyalahleka, ngokuba ningazazi iZibhalo!” Babezazi kweyabo incwadi yokufunda, babezazi ngokweekatekizim zabo, babezazi ngokwemfundo yabo yeziBhalo. Kodwa uYesu wathi, “AniZazi, iZibhalo, aniwazi naMandla kaThixo. Ukuba benimazi u-Abraham, ngenindazile Mna. Ukuba beningabantwana baka-Abraham, ngeniNdazi, ngokuba wawubona kwangaphambili loo mhla. Ngokuya ndaNdime phambi kwakhe phaya kudala, ndikumzimba wenyama, ndisenza oku, wayezazi ukuba yayindiM, kwaye

waNdibiza ngokuba ndingu-'Elohim'. Kodwa naku Ndisenza kwa loo nto inye phambi kwenu, nibe nindibiza ngokuba ndingu 'Bhelezabhubhe.'"

"O," bathi, "sinaye u-Abraham ubawo wethu."

"Nibiza u-Abraham ngokuba ngu'yihlo'?"

74 Wathi, "Ngoba, thina, thina singabebandla. Sisizwe esingamakholwa. Singabantu ababalulekileyo. Singabantu bakaThixo!"

UYesu wathi, "NinguSathana, nguye uyihlo."

75 Eso sizukulwana ndifuna ukusifanisa nesi. Namhlanje, ngoku kanye kukho izigidi zabantu ababanga uBukristu, babe bengazi ngoThixo ngaphezu kokuba uNoqhakancu engazi ngezithwala-ndwe zaseJiphethe. Kukho amadoda nabafazi namhlanje, ngokuphandle izigidi zabavuma besithi bangaMakristu ezibanga u-Kristu, ezingawazi nowokuqala umthetho waMandla ovuko lwaKhe, abangazange bakungcamla ukulunga kwakhe. Abazange bawave aMandla aKhe. Amehlo abo amfanyekiswe kwiNyaniso.

76 Wathi, "Nizimfama, ezikhokela iimfama. Akunakuthi . . . i . . . ukuba imfama ikhokela imfama, aziyikweyela zonke emhadini?"

77 Baze ke bacinga,"SingaMakristu. Singamakholwa. Singabawona mabandla aphakamileyo akhoyo. Oorabi bethu bazezona zifundiswa zingcono bazizo." Nangoko ke uYesu wabaxelela ukuba babengazazi nokuzazi iZibhalo.

78 'Yabona indlela uThixo awayifihla ngayo kumehlo ezazi nezilumko, wayityhilela iintsana abo bayakuthanda ukufunda? Owu, amandla amakhulu kaThixo ongenasiphelo! Ulunge Unjani kwabo bayakunqwenela ukuhamba ngokugqibeleleyo phambi kwaKhe! Akasayi kubavimba nto ilungileyo.

79 Ukubona nje umhla apho isizwe sethu, ihlabathi lethu, selingcoliswe yiloo nto inye!

80 UYesu wayefuna ukubalungisa ngendlela eyiyo. Bathi, "Owu, u-Abraham nguBawo wethu. Kwaye siyakubaseBuqaqawulini, musani ukuzihlupha ngaloo nto, ngokuba siyakholwa kuThixo. Sizi-professor yaye siyakholwa kuThixo, siyabafundisa nabantu bakuthi. Ungubani ke Wena ukuba uze no—nomqondiswana oyimfihlelo uzame ukuwubiza ngokuba nguThixo? Akukhonto uyiyo unguBhelezabhubhe." Nantso ke, babenayo imigaqo yabo nehlelo labo.

UYesu wabaxelela ukuba, "NinguSathana." Yicinge nje!

81 Kwaye eso sizukulwana ndisifanisa nesi, namhlanje xa sinezigidi ezijoyina iinkonzo, sinamashumi amawaka. UThixo ke uyehla azokuhlala ebandleni laKhe kwakhona, nokokude

azokwenza azo zinto zinye Wayezenze phaya, ukuze aZenze abekwanguye izolo, namhla, nangonaphakade. Abantu basuke bayinikele umva, njalo, abanye besenzela ukuze badume abanye bebaleka ukuba nizinyulele. Oko kusisinyanzelo kubantu! Awunako ukuma phakathi. Kunyanzelekile ukuba uthi "ewe" okanye "hayi." Awunako ukuwushiya laa mnyango usengulaa mntu mnye ubungene unguye. Awunakuyenza loo nto. Kunyanzelekile ukuba uzinyulele. Zinyulele uKristu kusasanje.

82 Babecinga ukuba yonke into esebandleni iyakusindiswa. UYesu wathi, "Limxinwa isango, icuthene nendlela, bambalwa ke abalifumanayo."

83 Mandiniyale kusasanje, bandla, lumka. Kuthabatha ixesha namhlanje, kubulungisa bethu, isizukulwana esinobuhanahanisi esizicingelayo esiphila phakathi kwaso. Iyure apho amadoda nabafazi bema ezinkonzweni nasezihlalweni zenkonzo, bacule nemihobe kaThixo, baphume nje kuloo nkonzo batshaye imidiza, basele iwiski, baye emidanisweni, baze—baze baphilele ihlabathi, baqhule krwada, nangokunamanyala, bazibize ngokuba "ngaMakristu." Xa abafazi namadoda banokuhamba besuka epulpitini okanye besuka enkonzweni, besuka nakwindawo yaMandla ovuko lwaKhe, apho loo mqondiso mnye kaMesiya usebenza phakathi kwabo, bangabi zizidalwa ezitsha kuKristu, ukho undonakele. Xa amaphepha-ndaba anokuyivakalisa; ukususka elunxwemeni ukuya elunxwemeni, ukuya nokubuya, ukususka kwingingqi ezinomkhenkce zaseMantla ukuya kumahlathi aluhlaza aseMazantsi, uThixo uyayithumela, baze abantu baYinikele umva rhoqo. Noko ke singathini, singenza ntoni? Sibuyela emva eZibhalweni apho Wathi, "Limxinwa isango, icuthene nendlela, bambalwa ke abalifumanayo."

84 Wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, kuyakubanjalo ngemihla yokubuya koNyana womntu." Phulaphula, ngemihla kaNowa, ihlabathi lalinabantu phantse kanye njengokuba linjalo namhlanje. Inzululwazi yabo yayiyidlula le yethu. Babesakha imifanekiso eqingqiweyo neephiramidi nezinto esingenako ukuzenza namhlanje. Ingabantu ababaluleke kakhulu, abantu abalumkileyo. Kwaye khumbula, ithi inzululwazi namhlanje, "Ngumzuzu mnye phambi kwenzulu zobusuku." Ngumzuzu mnye phambi kokuba usiba lubethe iyure entloko. Liphelile ixesha kunokuba sicinga. Ndiyathemba ukuba—ndithemba ukuba uMoya oyiNgcwele uyakuhla nzulu kwintliziyo yekholwa ngalinye, "njengemihla kaNowa."!

85 Bangaphi abasindiswayo ngemihla kaNowa, kwesaa sizukulwana? Basibhozo, basibhozo kwizigidi ezininzi. Wathi, "Kuyakuba njalo ekubuyeni koNyana womntu."

86 “Nanjengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuyakubanjalo ekubuyeni koNyana womntu.” Kwabangaphezu kwamashumi amawaka, baba bathathu abasindiswayo.

87 Usenokuthi kum, “Mshumayeli, uthini ngalamawakawaka azakuza naYe?” Ngoku, mzalwana, wona enziwe ngabaphuma kwizizukulwana ezininzi.

88 Ndingamangaliswa uluba ishumi elinesibini lingaphuma kwesi isizukulwana. “Limxinwa isango, icuthene nendlela, bambalwa ke abalifumanayo.”

89 Owu, ndiyazazi iicawe, ukuba zithini na, “Ukuba ungabhalisa igama lakho encwadini ukuze ube lilungu, *ngoko,* uyakuba ulungile.” Azikho iZibhalo ezinjengezo. Ukuba yonke into enegama layo elisencwadini, nese—nesenkonzweni, kungakho izigidi zezigidi eziphindaphindwe ngezigidi zezigidi, yonke into iyakungena. Ngoko ke zonke iindidi zemimoya ziyakuba phakathi phaya, liyakuba kwimeko enjani ke iZulu? Yicinge nje ke ngoku.

90 Omnye angathi kum, “Ngoku yima umzuzu nje, Mzalwan’uBranham. *Ozibanibani,* ndakha ndabeva bethetha ngeelwimi, ndiyazi ukuba bayakungena.”

91 Loo nto ayithethe kuthi bayakungena konke konke. UPawulos wathi, ku-1 Korinte 13, “Ndingafanelana ndithetha ngelwimi zabantu nezezithunywa zezulu, uthando ke ndingenalo, andinto yalutho.”

92 “Owu, bendiyile kwinkonzo *kaZibani-bani*. Owu, wenze engakanani, ukuba mikhulu imisebenzi. Ndimbone esenza ukuba iimfama zibone.”

93 Nangoko usenako ukuba ulahlekile. “Baninzi abayakuza kuM ngaloo mhla bathi, ‘Nkosi, ndandingashumayelanga eGameni laKho, ndaprofetha? Andithanga, eGameni laKho, ndakhupha iidemoni? Akuthanga, eGameni laKho, ndenza imisebenzi emininzi emikhulu?’ Uyakuthi, ‘Mkani kuM, nina basebenzi bobugqwetha, Andizanga ndinazi nokunazi.’” “Limxinwa isango, icuthene indlela, bambalwa ke abalifumanayo.”

94 Makhe ndininike iingqikelelo eziyakunothusa. Ngokwengcali zamachiza, kwisixeko sase Chicago, ngokwengqikelelo-manani kagqirha, bathi kukho amashumi amathathu amawaka eziganeko zokuqhomfa eChicago kuphela, kwintsuku ezingamashumi amathathu, ababenazo oogqirha. Zingaphi kwezipilisi zincinci bazityayo nezinye izinto, eziziziganeko zokuqhomfa?

95 Ubalo-manani lubonisa ukuba eMelika, baninzi abantwana abazelwe beyimigqwakhwe ngaphezu kwabantwana beqhina elingcwele lomtshato. Ubusazi ukuba iBhayibhile yathi, kwiDuteronomi 14:2, yathi “umntwana ongumgqakhwe, kuyakuthatha iminyaka engamkhulu amane phambi kokuba

iphele loo nto”? Abantwana babantwana babantwana babo abanakuma ebandleni likaYehova, amakhulu amane eminyaka, izizukulwana ezilishumi. Ngamashumi amane eminyaka kwisizukulwana. Uyise omkhulu-khulu-khulu-khulu-khulu-khulu-khulu-khulu-khulu wayengumgqakhwe womntwana, akekho mfanekisweni konke! Ngoku yintoni? Ndibonise ukuba yatshintsha phi na.

96 Siza kwintoni? Kwaye ngoku yimigqakhwe, ngenxa yokrexezo, nabafazi abanezono benxibe ezitratweni ngokwamadoda, nto leyo ilisikizi emehlweni kaThixo abatshayi bemidiza, abaseli beendywala eziyimixube, ababizwa ngokuba ngabavuma ukuba bangaMakristu. UThixo uyalala igquba elinjalo lamahenyukazi! Injalo loo nto. Baze ke bazibize ngokuba ngaMakristu? Akumangalisi ukuba abe wathi uYesu, “Limxinwa isango, icuthene nendlela, bambalwa ke abalifumanayo.”

97 Abanako ukuzithoba. Banenkani. Khangela, uDavide wathi akuba exelelwa ngesono sakhe awasenzayo, wakhawuleza wagquka, uThixo ke wamthanda ngenxa yoko. Ukuba ubaxelela ngezono zabo, bazakuthi, “Andinakuphinda ndilingcolise olucango kwakhona.” Ngokuba? Baneendawo ezininzi abanokuya kuzo, bezakuya kuloo mingxuma iyimigqakhwe iyakumelana nento enjalo. Kodwa lixesha lokuba abashumayeli bathabathe sonke isikrweqe sikaThixo bashumayela ilizwi ngaphandle kokwenzelelela, iVangeli. Abantu bafanelwe kukuzithoba.

98 Akusekho kunyaniseka phakathi kwaMakristu ngoku kwaphela. Bafuna ukuthi, “NdingumWisile, ndingumBhaptizi, ndingowakwaMoya,” loo nto ayithethi [uMzalwana uBranham uqhwakrazisa umnwe–Mhl.] nak*angaka* kuThixo.

99 “Ndithethe ngeelwimi, ndenza imimangaliso.” Sigxininisa ngako konke kuloo nto, ngelithuba loo nto iyenye yezona zinto zimfamekisayo banokuzenza. Ngokuqinisekileyo. Imvula ina phezu kwamalungisa nabangemalungisa. Imvula inkcenkceshela isilimo kanye njengokuba ilunkcenkceshela ukhula, Roy. Imvula enye, nguMoya oyiNgcwele omnye ohlela abantu. Nangoko oko akuthethi. . . Imveli yabo ifanele ukuba ibe yetshintshekileyo ukusukela ngaphakathi ukuya ngaphandle. Ingabi kukubonakalisa okanye umboniso wangaphandle, koko ibe nguMoya ongaphakathi ophilileyo omenza loo mntu abe sisidalwa esitsha, oyithobayo intliziyo yendoda nokuba ngumfazi phambi koThixo.

100 Uthi wena, “Mshumayeli, uthetha ukuthi uyathandabuza ukuba ishumi elinesibini kwesi sigidi nezigidi zezigidi ezine zabantu abasehlabathini?” Ndiyathandabuza ukuba kungakho neshumi elinesibini eliyakungena kuXwilo. Yicinge nje loo nto! Ndikuxelela into eyathethwa nguYesu apha eVangelini. Yicinge nje loo nto!

101 Kufikelele phi ke? Ngenxa yokuba ukuziphatha kakubi kungene phakathi kwabantu, kwaqalisa ukuzalwa kwabantwana abayimigqakhwe, loo nto iyabacima kwaphela. 'Yabona, sinokuma apha iiyure ezininzi, sizibeka ezo zinto, ungabona ke ukuba siphila kwisizukulwana sabantu esonakeleyo, esibi kakhulu, esibole bhutyu. Akumangalisi ukuba bangaboni miqondiso, akumangalisi ukuba bangayiva iVangeli, benziwe lukhuni, kanti bangabanenkolo kangako benentlonelo futhi.

102 Akazange atsho uYesu ukuthi, "UMoya uthetha ngokucacileyo ukuba, ngemihla yokugqibela abantu bayakuba ngabaqhankqalazi, abakratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo,abanyelisi, abangenakuzeyisa, abaqhankqalazi, bengabathiyi bezinto ezilungileyo, benokumila kokuhlonela uThixo"? 'Yabona? Owu, uyakwazi ukukhwaza, ngokuqinisekileyo uyakwazi ukuthetha ngeelwimi, ngokuqinisekileyo. Ukholo luyakukhupha iidemoni, ngokuqinisekileyo. Kodwa asiyiyo le nto sithetha ngayo leyo.

103 Ngoko ke usenokuthi kum, "Mzalwan'uBranham, liyintoni uphawo loMkristu? Ngubani oyakusindiswa? Uyakusindiswa wena, Mzalwan'uAbranham?" Ndithembele kuThixo malunga naloo ndawo. Andazi. Ndiyakholwa ukuba ndisindisiwe. Ndibuthelekisa ubomi bam, mihla yonke, neLizwi. Ukuba abuphili ngokulungelelana neli Lizwi, ngoko ke ukho undonakele kufuneka ndibuyele umva ndilungise.

104 "Ngoko, khawutsho, Mzalwan'uBranham, xa abantu bethetha ngeelwimi, loo nto ayithethi kuthi basindisiwe?" Hayi, mhlekazi! Hayi, ngokuphandle! Ndakhe ndaweva amagqwirha nabathakathi bethetha ngeelwimi. Nayo yonke intlobo yemfeketho. Ndakhe ndabeva abantu bahlale nenkosikazi yenye indoda. Ndababona abantu bethetha ngelwimi baxhume benyuka besihla bakhwaze ngokunga indlu iyatsha, baphume apho bayokwenza ushishino ngendlela yobuqhinga, bebe, baxoke nayo yonke enye into. Ungakulindela njani oko? Hayi, mhlekazi.

105 Bengamalungu enkonzo, amadikoni enkonzweni, benentlonelo kangangokuba benokuba nako. Ngoba, ucinga ukuba bangawathenga ngeCawe amafutha enqwelo? Hayi. Kodwa ngoMvulo benze into engcolileyo nebolileyo neyona iphantsi. UThixo uhlala entliziyweni, hayi ngaphandle, yinto evela ngaphakathi entliziyweni.

106 "Limxinwa isango, icuthene nendlela, bambalwa ke abalifumanayo." Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, basibhozo kwezozigidi; njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom, bababathathu kwizigidi; kuyakuba kwanjalo ekuzeni koNyana womntu.

107 Niyakubona ke oku konakala siphakathi kwako. Niyayibona indlela ezithi zonke iingcinga, umntu, uphuma nje phaya aze uSathana enze abashumayeli ababukhali ngengqondo beme epulpitini babayeka abantu baqhubeka nje nako.

108 Ngenye imini omnye umntu wathi, “Andinakuthanda ukuba ume epulpitini yam, ungabenza baphambane abafazi bethu.” Hayi, sebenjalo nje kakade. Oku kungababuyisela ezingqondweni zabo, ukubaxelela ukuba kwalapho bayeke ukunxiba ezi mpahla nezinto ezinjalo. Kwaye ke, kukho umntu othile ofanelwe kukwenza oko.

109 Ndathi kwinkosikazi yam, “Ndiphambene, mna? Ingaba ndishiywa zingqondo? Okanye, ndinantoni kanye?” Kukho iNto engaphakathi engakwazi kuthula. Kufuneka ndiYivakalise, andikhathali nokuba ubani uthini na.

110 Bathi, “Uzakona ulungiselelo lwakho.” Kulungile, naluphi na ulungiselelo oluyakoniwa yiVangeli belufanele ukoniwa. Thixo sinike ubunganga bokumela into eyiNyaniso size sithethe iNyaniso malunga nayo! Kusisono, lihlazo!

111 “Limxinwa isango,” watsho uYesu, “icuthene nendlela.” Nina ke nicinga ukuba zizigidi, nani nonke maWisile, maBhaptizi, maRhabe, nabakwaMoya nicinga ukuba niyangena, niyakuphoxeka ngaloo mini. UYesu wathi,“Baninzi abayakungena bahlale eBukumkanini, bathi,‘Ndinelungelo lokuba lapha.’” Wathi, “Kodwa abantwana boBukumkani bayakubakhupha. Kuyakubakho ukulila nokuhlahlamba nokutshixiza kwamazinyo.” Kungcono lizithathela uluhlu kusasanje, Mkristu. Kuyakubakho izigidi eziphindwe kalishumi zaphindwa ngezigidi zezigidi zababanga ukuba bangaMakristu, ababenyanisekile ebomini babo, abayakuliphosa isango. Watsho njalo uYesu.

“Bangaphi abayakungena?”

112 Andibazi ukuba bangaphi na abayayo. Inye into, “Thixo, ndenze ndibe ngomnye wabo!” Nantso ke into. Nguye uMgwebi. “Mandibe ngomnye wabo.”

113 Uthi wena “Mzalwan’uBranham, ungaqonda njani ke xa unguMkristu?”

114 Andazi. Kodwa mandikuxelele into ethethwa sisiBhalo. Ngokuqinisekileyo uyakholwa yiYo. Ekuthunyelweni kukaMoya oyiNgcwele ehlabathini, uThixo wathetha ngoMoya oyiNgcwele. Wathumela isithunywa phambili—phambili, kuqala. Waze Wathi, “Hamba phakathi kwesixeko naphakathi kwabantu, ubeka uphawu emabunzini abo, abo bancwinayo balilayo ngenxa yaloo masikizi, bezilungisa ezo zinto.”

115 Yintoni isikizi? Ngumfazi oyakunxiba isinxibo esilungiselelwe indoda. Iyamkhathaza loo nto uThixo. Wakhe

wakufutshane nendawo apho kukho into emasikizi? Indlela ekuhlupha ngayo! Awunakumelana nayo. Umfazi osuka anxibe isinxibo esisesendoda, yile ndlela imenza azive ngayo uThixo leyo; usenokucula ekwayaleni, usenokuthandaza Yonke imihla, ukhwaza kwakhona yonke imihla, okanye uphilele uThixo yonke imihla, ube ugwetyiwe eBusweni bukaThixo. Sithetha loo nto kanye iSibhalo. "Isikizi!" Nabo ke bazigcinayo izinto ezinjalo bayakuba nesabelo kunye nabanjalo.

116 Thixo sinike ubabalo lokuba simelane nabanjalo. Nokuba kufanele ukuba ume wedwa, yima kuloo ndawo ulibambe iLizwi likaThixo esandleni sakho. Alinakuze lisilele.

117 Ngoku sifike kumhla apho bangamasikizi abantu. ISithunywa ke siphumile siyatywina kwakhona. Ndifumanele umntu abe mnye eJeffersonville, ukuba uyafuna ukwazi ukuba ngubani na oyakusinda, ndifumanele umntu abe mnye kwisixeko sethu oncwinayo ekhala ohleli njalo ekhathazeka enomthwalo, ethandazela amasikizi enziwa esixekweni. Ungasiphakamisa isandla sakho usibeke phezu komntu abe mnye? Ngoko ke thabatha esiSibhalo, "Limxinwa isango, icuthene nendlela eya eBomini, bambalwa ke abalifumanayo." Yayingabo kuphela ke ekwakufanele betywiniwe.

118 Owu, ndingakubonisa uninzi oluYayo enkonzweni. Ndingekubonisa uninzi olucula ekwayaleni. Ndingakubonisa abaninzi abafundisa isikolo seCawe. Ndingakubonisa abaninzi abazintloko za—zabahlali. Ndingakubonisa uninzi olukhwazayo, uninzi oluthetha ngeelwimi, abaninzi abasebenza kumsebenzi weVangeli.

119 Kodwa ndibonise abe mnye othi emazantsi entliziyweni yakhe ahlupheke ngenxa yezono zehlabathi! Ndibonise umshumayeli onokuma namhlanje awohlwaye loo mahlelo. Ndibonise umshumayeli onokuma athethe izinto, awohlwaye amahlelo. Kubangcono ukuba angenzi njalo, uyakukhatyelwa ngaphandle, litikithi lakhe lokutya elo.

120 Akumangalisi ukuba uBilly Graham waxelela uJack Moore nje, wathi, engaboni ukuba zixhaswa njani iinkonzo zam, wathi, "AkangomBhaptizi, engenguye namWisile okanye owakwaMoya." Wathi, "Kwaye bonke bamchasile." Ngokuqinisekileyo andithethi loo nto... Isizathu sokuba nditsho, andinakuyithetha esidlangalaleni. Ndiyithetha kwibandla elilelam. Ndisengxakekweni, ngokuba iyure yokuvavanywa iphezu kwam.

121 Bathi, "Ukuba uyakuza, kuyakulunga, kodwa makungabikho nto uyithethayo ngala Nto." Unokusuka uvale phezulu.

122 Ndiyakushumayela into uThixo athe mandiyishumayele! Injalo loo nto. Omnye weso sibhozo uyakubakho ndaweni ithile. Omnye wabo uyakubakho ndaweni ithile. Kodwa ngaloo

mini andifuni kuba natyala lakuthi ndenzelelela ngenxa yomgaqo othile okanye ngenxa yemfundiso yecawe ethile okanye ihlelo elithile. Ndishumayele iNyaniso!

123 Bathi, “Kutheni ungenzi njalo nje, kutheni ungathi ulungiselelo lwakho, Mzalwan uBranham, olukhangelela lulukhulu kangaka, kutheni lungavele lutshayele njengokuba esenza amanye amadoda?”

124 Nantso ke kanye apho. Yiyo leyo. Ndiya esixekweni ucinga ukuba i-Assemblies of God ingasebenzisana nam? Hayi ngoku ndikukholelwayo, abakholwa bona. Usenokumfumana abe mnye kanye emzuzwini. Ucinga ukuba amaWisile angenza njalo? Zama, nje ufumanise. Yiba ngumphathi wam isithuba seveki nje. Ukuba uyangena uyakungena eGameni likaYesu. Injalo loo nto.

125 Owu, kakade, bakufaka phaya, ngokuqinisekileyo, bakufaka phaya ndaweni ithile, ngokokuze ungabi nakunxibelelana nabo nangayiphi na indlela kwizinto ezinjalo. Uze uthi xa umkayo, bathi, “Owu, ngoku, UMzalwan’uBranham ubuphakanyelwa sisiciko kancinci, uyazi ngoku. U . . . ”

126 Ukuba ndiphakanyelwe sisiciko, ngoko ke iBhayibhile iphume ecaleni kwiMfundiso. Yile nto yathethwa yiBhayibhile leyo! Ewe, mhlekazi. Khangela!

127 UYesu wathi, “Kutheni nindibiza ngokuba “ndingu‘Bhelezabhubhe’” nje? Nakholwa nguSolomon, umqondiso wakhe wocalucalulo. Nakholwa ngumhla wakhe. UKumkanikazi waseZantsi weza evela kwindawo ezikude zomhlaba, ukuza kubona eso sipho, waza wakholwa yena akusibona. Nina nibe nihleli nisijongile yonke imihla, ningakholwa siso.”

128 Kwaye abazalwana aba bangabakhe abazange bakholwe nguYe. Bathi, “Nyuka uye esidlweni,” Wathi, “Kodwa aNdinyuki ngoku.” Wenyuka ngandlela yimbi, ngokuba abazalwana baKhe buqu babengakholwa kuYe. Injalo loo nto. “Limxinwa isango, icuthene nendlela, bambalwa ke abaLifumanayo.”

129 Kwathi kwakufika kubafundi, kwakufika kumanqam, babephi? Ngumfazi omnye nendoda abema ngakuYe emnqamlezweni, uYohane noMariya. Abanye babo babemkile bonke.

130 Ngawo la amanqam. Lingoku ixesha. Kungoku apho uThixo enza izinto. Kungoku apho uMesiya asemhlabeni. Kungoku apho aMandla kaThixo asebenza kubantu baKhe. Baye ke bababiza ngokuba “ngabazenza-ngcwele”, abangenangqondo, abaphambeneyo,” owu, into enjalo. Kodwa yiyo le yure!

131 Ngokuqinisekileyo kuyakubakho udano olukhulu emgwebeni.

132 Owu, umthengisi-ziyobisi, uyazazi ukuba uyakubasemgwebeni. Ngokunjalo nonosikroxo wotywala uyazazi apho ayakuba khona. Ngokunjalo nehenyukazi liyazi ukuba liyakuma phi na. Ngokunjalo nodlala amaqashiso ngemali uyazazi ukuba uyakuma phi na. Ngokunjalo nenxila liyazi ukuba liyakuma phi na. Aliyikudaniswa.

133 Kodwa udano apho luyakubakho kukwabo bacinga ukuba babelungile. Kulapho lukhoyo udano. "Bathi bakufika phaya phezulu bathi, 'Ngokuqinisekileyo, sakhupha iidemoni ngeGama laKho. Singabashumayeli. Singabenkonzo ezithile-thile. Senza imimangaliso emikhulu. Owu, sashumayela! Ngoba, ndabasi—ndabasicaka esithembekileyo enkonzweni. Ndandingubhishophu, Ndandi *yile*." Mkani kuM, nina basebenzi bobugqwetha, Andizange ndinazi nokunazi." Nantso ke. Nalo ke udano. Wathi, "Abantwana babantwana babo bayakungena bahlale phantsi eBukumkanini, bathi, 'Sinelungelo lokuba lapha,' baze bakhutshelwe kubumnyama obungaphandle, apho kuyakubakho ukukhala nokuhlahlamba nokutshixiza kwamazinyo." "Limxinwa isango, icuthene indlela, esa eBomini, bambalwa ke abalifumanayo."

134 Iza kuni, bantu bakuthi bathandekayo, kusasanje, phulaphulani oKu. Asiyonto ndiyiqwebileyo le. Ndinoxanduva lokuba ndiYixele. Yiloo nto kuphela endinoxanduva lwayo. Nokuba andinakube ndishumayele enye intshumayelo ebomini bam, yiNyaniso yona le: bayakuba mbalwa nje abantu abayakusindiswa. Hlalani nje niyikhumbula loo nto: ngabambalwa nje kakhulu. Uzube ngomnye wabo.

135 "Bangobani, Mzalwan'uBranham?" Andazi. Akukho mntu wumbi waziyo. Sisebenza olwethu usindiso ngokuzoyikela nokugubha.

136 Kodwa kufuneka ungqamane noThixo. Ukuba intliziyo yakho ayibethi ngokobulungisa kunye neBhayibhile leya, xa kunjalo ukho undonakele. Akukhathaliseki nokuba ithini na inkonzo yakho, awunakungena ngaloo nto. Kunyanzelekile ukuba ungene ngento eyathethwa nguThixo. Nantsi iNcwadi oyakugwetywa ngokuphuma kuyo, iBhayibhile. Hlala ukunye naYo!

137 "Owu," uthi wena, "kulungile, ndibhaptiziwe eGameni leNkosi uYesu." Ilungile loo nto, yiBhayibhile leyo. Kodwa ukuba obaa bomi abululandeli akukuncedanga nto kakhulu ukubhaptizwa.

138 Uthi wena, "Kulungile, uMoya oyiNgcwele ndamamkela." Ilungile loo nto, yinto obufanelwe kukuyenza. Kodwa ukuba ubomi abukho!

139 Khumbula, ukhula lwamkela kwalamandla enza ingqolowa ikhule ukuze lukhule, alwenza ukhula lukhwaze nalo. Ukhulana oludala luma ngqo luvuya kanye ngale ndlela ivuya

ngayo ingqolowa. Injalo loo nto, ziphila ngobomi obunye. Nomoni ke angahlala kuBukho bukaThixo, akhwaze uzuko, aphile njengoMkristu. Kodwa ukuba akukho nto ithile yahlukileyo entliziyweni! Anganawo kwalooMandla okukhupha imimoya engcolileyo. Watsho uYesu. Angayishumayela iVangeli ngokulunge kanye njengokuba omnye umshumayeli enokwenza njalo. Yiloo nto kanye, uYesu wathetha kanjalo. IBhayibhile iyayifundisa loo nto. Ewe, mhlekazi. "Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu nezezithunywa zezulu, ndingafanelana ndinikela umzimba wam utshiswe njengedini, ndinikela ngempahla yam yonke ukuze kondliwe amahlwempu, Ndi—ndinalo nokholo ngokokude ndisuse iintaba, ndizenza zonke ezi zinto, ndishumayela eGameni laKhe, ndikhupha iidemoni eGameni laKhe," wathi, "Andinto yalutho." Ngoko, wayenako ukuyenza, abe "engento yalutho." Niyayifumana na intsingiselo?

140 Ngoku, into omelwe kukuyenza, ngokuSuka entliziyweni yakho, yiba nguMkristu, ngoku ke ungene kwisango elimxinwa. Kuba, iphangalele indlela esa entshabalalweni, kwaye zizigidi eziphindwe ngezigidi kwesi sizukulwana amakholwa ayakungena kuyo. Ngokuba limxinwa isango, icuthene nendlela, nguwe kunye noKristu kuphela.

141 "Icuthene indlela esa eBomini, bambalwa kuphela ke abaya kuyifumana." Ngoku, ngaMazwi eNkosi yethu lawo. Wowu! Wayesenza ntoni ke? Wayemi apho ecalula iingcinga zabo.

142 Baze bathi, "UnguBhelezabhubhe. Ke, Angathini ukuba nguThixo? UnguMntu! Buvela phi obu bulumko?" batsho kwisixeko sakoWabo.

143 Xa uhamba ungena apha esixekweni, kukhangeleka ngathi. . . andikuthethi ngokunganihloniphi oku bantu; ningaMakristu, niyandithanda. Uhamba ungene apha esixekweni, kukhangeleka ngokungathi amandla kaSathana ayakuqukula. Le ndawo igwetyiwe. Esi sixeko sigwetyiwe.

144 Wathini uBilly Graham akungena eLouisville? Wathi "yeyona ndawo inamandla eedemoni" wakha wayibona ebomini bakhe. Wayibeka kwiphepha-ndaba, wathi, "Usuka ube nokukuva nje ukucinezela kukaSathana."

145 Kakade, ndinganako ukukuva. Ngoba? Likhaya lam kanye eli. Wathi uYesu akubuyela kwikhaya eliLelaKhe, Wathi, "Mininzi imisebenzi yamandla angazange Abe nakuyenza, ngenxa yokungakholwa kwabo." Wathi, "Umprofethi akafumani mbeko, umshumayeli, xa ekwi—ekwilizwe lakowabo naphakathi kwabantu bakowabo." 'Yabona? Awunakuyinceda, sitsho isiBhalo. 'Yabona?

146 Ngoku, xa uhamba ungena apha esixekweni! Kwaye ungandixeleli ukuba bendingenakuyazi. Ndiyahamba ndiye

ebantwini bandibambe isandla bathi, "Owu, Mzalwan'uBranham, ndiyakuthanda." Ube usazi ukuba bubuxoki obo! Uyazi ukuba bubuxoki. Ukuba uThixo unako ukundixelela ukucalulwa kwentliziyo, Angathini ukungandixeleli oko?

147 Ngokuqinisekileyo, kwaye kanye apha phakathi kwabantu bakowenu apha esixekweni! Bathi bakukubona, bathi, "Kulungile, uyazi, ndibonile apho bekukho okuthi–thile."

"Bekuphi? Ibiphi?"

"Phezu ko. . . ."

"Hyu! Siyamazi laa mfo!"

148 Uyayiva. Mandinixelele, ukuba kukhe kwangena umntu ekhayeni lakho ongakuthandisisiyo, ahlale endlwini yakho okomzuzwana uve oko kuziva kungaqhelekanga. Phindaphinda oko ngeshumi elinesine lamawaka ngoku, uyakufumana le nto ndiyithethayo ngayo ke. Uze ufike kwindawo apho wonke umntu akuthandayo oko kuziva kokwamkeleka, nje, owu, bethu, ungasuke nje uhlale apho oko, 'yabona. Yiloo nto ke, ngumoya. Abantu ke abayazi ukuba yintoni na, bayamangaliswa ukuba kutheni na abantu bengcoliseke kangaka nje.

149 Yintoni eyenza abafazi abalungileyo, yintoni eyenza abafazi abalungileyo ukuba banxibe ezi mpahla zikrwada baphume phaya phandle? Yintoni eyenza, khona ngoku ngokusabandayo, amantombazanana aneshumi elinesithandathu ubudala, banxibe impahla apha abangafanele kuzinxiba phambi komama wabo, abaphuma naphandle esitratweni? Kungokuba, akukho ngenxa yaloo mntwana (loo mntwana akazi nto ingcono), kodwa ngenxa yokuba umshumayeli othile osepulpitini usilele ukuhlala kwindawo yakhe yokusebenza. Injalo kanye loo nto. Ngokuqinisekileyo. Abafazi bangena esitratweni, benxibe ngokuvelisa umzimba nezinto ezinjalo, aboni babakhangele, abe engazi ukuba unetyala, kanye ngokungathi uhlala nayo loo ndoda. UYesu wathetha loo nto! UYesu wathi, "Wonke umntu okhangela umntu oyinkazana amnqwenela, uselemkrexezile entliziyweni yakhe, kwaye uyakufanelwa kukuba aphendule ngaloo nto ngomhla wokugqibela womgwebo." Limxinwa isango, icuthene nendlela!

150 Ndiyazi ukuba nicinga ukuba ndingumfo ongqwabalala. Andingqwabalalanga! Ndingumzalwana wenu, ndiyanithanda futhi.

151 Balekani ingqumbo ezayo! Yiya emnqamlezweni ulile de intliziyo yakho izaliswe nguMoya oyiNgcwele, oko kuyakuguqulela umva wakho kuyo yonke into yehlabathi, uhambe ngokuhlonela uThixo phambi kwaKhe, intliziyo yakho

ivutha kukuMthanda. Luthando! Hayi umsebenzi. UKristu akangomsebenzi, ukukhonza uKristu, luthando olukhonza uKristu. Luyakuthoboza, lukunyanzele, kude konke ukubetha kobomi bakho bubuthe kunye naYe. Usibona ngoko ke isono.

152 Walila Ke phezu komhlaba. Kwamenza buhlungu uThixo ngemihla kaNowa, Akuzibona iintliziyo. NoYesu ke wahlala phezu kwenduli, waze wathi, "Yerusalem, Yerusalem, kufuthi kangakanani na Ndifuna ukunifukamela, kodwa ke iyure yakho ifikile nendlu yakho ishiywe ize."

153 Kuyakubanjalo ekubuyeni koNyana kaThixo, intliziyo yekholwa lokwenene lenyaniso yaphukile. Liyabona ukuba khona ngoku kumele ukuba kubekho imvuselelo etshayela eli lizwe. Ingathi ukwenziwa ligquba lemigqakhwe? IngenzeKa njani loo nto, ngelithuba bagwetyiweyo kwa into yokuqala?

154 UBukumkani bukaThixo bufanekiswa nomntu owawuphosayo umnatha wakhe elwandle, waze, akuwukhupha, wayebambise amafudo, amafudo amanzi, iinyoka, amasele, neentlanzi. Kwakungeko kwakhe ukuba agqibe ukuba zeziphi na, wasuka nje wawuphosa elunxwemeni. Yenza loo nto ke iVangeli. Wenza loo nto uBilly Graham, u-Orala Boberts, nam, nabo bonke abanye abashumayeli abashumayela iVangeli, siwuphosa phaya, siwutsale ubuye, "Nazo, Nkosi." Kodwa ke senza ntoni ngamaxesha onke? Sifumanisa ukuba, ngaphambi kokuba ube nokubuyela kwakhona sezibuyele echibini kwakhona. Yintoni na? Kwasekuqaleni, Ibilufudo. Loo nto ayitshintshanga, ukungena kumnatha weVangeli. Ibilufudo kwasekuqaleni. Ibilufudo lwamanzi kwasekuqaleni. Ibiyinyoka kwasekuqaleni. Ibingumhanahanisi kwangaphambi kokuba abe uza ekungeneni enkonzweni. Ebengenawo nomnqweno wokuyeka ukusela kwakhe nokudlala amaqashiso, nokutshaya nokuxoka, nokuba. Ungene ngenxa yokuba esoyika isihogo. Uzenza ukuba ube ngofanelwe siso ngakumbi, xa usenza loo nto. Yinyaniso leyo, "Limxinwa isango, icuthene nendlela, bambalwa ke abalifumanayo."

Masithandaze.

155 Nkosi, owu, ndigocagoce, Nkosi. Lilinge kanye ngoku ityala lam, Nkosi. Musa ukundivumela ndiyokuma phambi kwaKho emgwebeni, emva kokushumayela olu hlobo. Owu, ukuba kukho nantoni na engacocekanga kum. Nkosi, yisuse, nceda! Sibona umhla esiphila kuwo, apho amadoda nabafazi besiya besiba nenkani. Baneentloni. Wake wathi ngaxesha lithile,"Akusekho nakuba nazintloni phakathi kwentombi zaseZiyon." Ukululama kwabo kususwe kangangokuba bade ababinazintloni ngokupheleleyo. Owu, Nkosi, yicinge nje! Nokwazi nje ukuba iwotshi ngaphaya iyabetha iqhubela phambili, umzuzu okanye imizuzu emibini ngaphezulu, nokutshabalala okukhulu ke kuyeza, ukuze oyinyhukunyhuku asele ehlala eyinyhukunyhuku.

156 Thixo, sivuse sonke kusasanje. Sishukumise, Nkosi! Siyayibona imiqondiso ivela. Amehlo ethu siwavulile ukuze sikubone oko. Sibona izigidi, izigidi, Nkosi, ezize ngomva zemka. Ndimangalisiwe, ukuba ndingenza ntoni na, ndingenza ntoni, Owu, Nkosi? Ingaba kukho nto ikhoyo, Nkosi? Ukuba kufuneka into engaphezu kokushumayela, umthandazo othe chatha, okuthe chatha kwayo nantoni na, ndincede, Nkosi, khon'ukuze ndizise uMyalezo ebantwini. Ndingenza ntoni? Kodwa bayaqhubeka ngokuWala. Wena uyaqhubeka ngokuyenza imimangaliso yaKho, kodwa nangoko abantu bagxushuza begqithe kanye. Ingaba kungokuba iSibhalo saKho simele ukuba sizaliseke, ingaba lixesha lokuba "Akukho namnye uzayo kuM engathanga uBawo amtsale, nako konke aNdinike kona uBawo kuya kuza kuM"? Nkosi Thixo, siphe ukuba abantu babe nokuvuka ngalentsasa bawubone umqondiso wokugqibela wehlabathi. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Ube nento obapha yona abantu.

157 Basikelele aba bantu bancinane kusasanje. Thixo, qala ngoMzalwana uNeville, Nkosi. Philisa umzimba wakhe. Uyagula kusasanje, Nkosi, ukhathazwa sisisu. Ndiyathandaza ukuba isandla saKho esiphilisayo sibe phezu kwakhe. Wuzamise umphefumlo Wakhe.

158 Thixo, ngena uye phakathi kwelibandla. Kukho amadoda nabafazi abahleli apha ekunokwenzeka ukuba ndingaphindi ndibabone kwakhona kude kube yiloo mini emgwebeni, ngoko ke ndifanelwe kukuba ndiphendule. Kodwa ke ndilifundile iLizwi laKho. "Limxinwa isango, icuthene nendlela, bambalwa ke abalifumanayo." Owu Nkosi, benze aba babengabo "bambalwa," abanye babo, Unganceda, Nkosi? Mphe oko wonke umntu olapha.

159 Ndithandaza njengokuba umntu wonke enokuthandaza kuphela. Nkosi, aba bantu bangandenzela nantoni na, ngokubhekiselele ekundincedeni. Ukuba bendilambile, bebeyakundondla. Ukuba bendiswele isuthi, bebeya kuyithenga. Bebeya kuhamba bonke bayokundithengela inqwelo, ukuze ndishumayele iVangeli. Bebeyakwenza nantoni na elolohlobo. Owu, Bawo, gocagoca imiphefumlo yabo ngale ntsasa, nceda wenze njalo, benze ukuba bayicikide phambi kwaKho. Andazi, ndiyathemba ukuba ngamnye kubo ukwelaa qela liNyuliweyo. Nam ndibeke apho, okwam, Nkosi. Kwaye ukuba kukho sizathu sithile sinokwenza ukuba ndingabikho phaya, Nkosi, Undityhilele nje, ndizakuyilungisa khona ngoku. Ndifuna ukuqiniseka, Nkosi, ukuba ngaloo ntsasa akuyi kubakho nkathazo phaya emlanjeni. Ndifuna ukungena ngaloo mini. Kwaye andazi ukuba kuyakuba nini na ngoko, kusenokuba nanamhlanje oku. Ngoko, ndincede ukuba ndazi, nceda aba bantu ukuba bazi.

160 Kwaye xa sibona iintliziyo zethu ukuba zinokungakhathali! Owu, siyawuvuyela uMyalezo omnandi ukuwuphula-phula kunomathotholo, mhlawumbi ukuya ecaweni. Siyawuthakazelela uMyalezo omnandi. Asikhathali ukuba singathetha ngoYesu kwenye indawo. Kodwa, Nkosi, ingaba isono singumthwalo olo hlobo kuthi ngokokude sizise iinyembezi emehlweni ethu, sincwina sikhala silwela amasikizi onke awenziwa esixekweni? Nkosi, iNgelosi kaThixo mayikubone phezu kwethu oko, isiphawule. Siphe oko, Nkosi.

161 Nangoku kunjalo yiza, Nkosi Yesu, ngoku ulungise iintliziyo zethu, usiphe imiqondiso yaKho yokwenene yokuba uKho phakathi kwethu, ukuze sibe nokwazi ukuba siyamkela—samkela umqondiso wokugqibela phambi kokuphela kwesi sizukulwana.

162 Kwaye siyabubona ubugqakhwe, xa amadoda aphila apha esizweni aneentsana kubafazai bamanye amadoda, na—namantombazana asesitratweni, namakhulu egxothwa ezikolweni minyaka le naqalayo ukufikelela ebudaleni esiba ngoomama, kwaye akukho ntlonipho, nendlela abafazi abaye bezityhefa yityhefu ngayo, ngokwabo, ngokutshaya no—nokusela, nomabonwakude nezinto ezinjalo ezingcolisa ingqondo zabantwana. Owu Nkosi, iyakuma ixesha elingakanani? Ube Wena, unguThixo oNgcwele!

163 Owu Bawo, ndi—ndiziva ngendlela engaqhelekanga namhlanje ukuba kukho into efanele ukwenziwa kwakamsinya, Nkosi. Andiyazi emandiyithethe, kodwa ndiyathandaza, Nkosi, ukuba Ubeke ezintliziyweni zethu emasikwenze. Siphe ezi zinto, Nkosi. Sizicela eGameni likaYesu. Amen.

164 Iyure isondele. Wonke umntu oqondayo onengqondo, uyazi ukuba kukho into ezakwenzeka. Akukho mntu kwesi sakhiwo, osengqondweni yakhe kakuhle, ongenakubona ukuba eli hlabathi alinakuma phezu kwezi meko. Asinakuma zihlobo. Akukho nanye into, njengomlungiseleli wenu nomzalwana wenu, akukho nanye into endinokunikhokelela kuyo kusasanje kukuYesu Kristu kuphela. Nantso ke into endiyaziyo. Cinga nje ngezinto ezaprofethwayo ukuba ziyakuhla phambi kokuba lwenzeke uXwilo, yonke into endinolwazi ngayo seyizalisekile.

165 Uthi ke, “Uthini ngephawu lwerhamncwa?” Lona luyakufika eMbandezelweni. IBandla liyakube selimkile ngoko. Abayikuphawula aba, aba bayakuba sebemkile, ’yabona. Ukuphawulwa kuyaqhubeka khona ngoku. Ukuphawula kukubonakalisa, uphawu. Balekela kuThixo, balekela kuYe ngokukhawuleza!

166 Ndiyamangaliswa kusasanje, ngelithuba sisalindileyo apha okomzuzwana nje. Ndaye ndiziva njengokuba niziva. Ndi—ndiyaziva izimvo zenu, nonke ngabanye nizama ukucinga,

“Owu Thixo, ndigocagoce!” Ndiziva olohlobo, nam. Ndiyakuqonda ukuba le Miyalezo injengale, sihlobo, ayiqhelekanga phakathi kwabantu. Uyabagxibha uze ugxi. . . . u—ubenza nje ukuba babe phantsi. Kukho umntu ofanelwe kukuyenza loo nto. Ndinqwenela ukuba ibe mhlawumbi ibingomnye umntu. Kodwa ukuba linam iqashiso lokuba ndiyenze, ukuba kufuneke ndibe ngumfazi okorobhayo, mandikorobhe. Ukuba ndi. . . Wathi uDavide, “Ndinyule ukuba lukhuko lwenyawo lomnyango eNdlwini kaThixo, kunokuhlala eminqubeni nesono.” Ilungile loo nto. Nantoni na afuna uyenze uThixo, yenze. Musa ukuba nentloni. Ukuba kukh. . . .

167 Kwaye, khumbula, ndiyazi ukuba yinto ebalulekileyo leyo. Uthi,“Mzalwan’UBranham, uthi ingasibhozo kuphela imiphefumlo eYakusindiswa?”

168 Andiyazi ukuba mingaphi na eyakusindiswa, andinakukuxelela. Kodwa ndithetha into enye: iyakuba ngaba mbalwa kakhulu, kumhla onjengalo. Cinga nje, ngaloo mhla apho Wayekhona, mingaphi eyasindiswayo. Cinga ngomhla kaNowa, nangomhla kaLothe—uLothe, nabo bonke abanye, Wathi, “Kuyakuba kwanjalo ekuzeni koNyana womntu, kuba, limxinwa isango, icuthene nendlela.” Uyabona, uzingenela wedwa kunye naYe, kuba kuphela ke, ’Yabona? “Bambalwa ke abalifumanayo.” Bangaphi abakholwayo ukuba yiNyaniso yeVangeli leyo? UYesu Kristu watsho, “Bambalwa ke abalifumanayo.” Ngabambalwa kakhulu kuphela. Yiba ngomnye wabo bambalwa. Ndiyazi ukuba kulukhuni oko, kunzima. Kwaye kunzima nakum ukukuthetha, ndisiva uthando lobuntu endinalo kuni,kodwa uthando lukaThixo luyandinyanzela ukuba ndinixelele.

169 Ngoku, kwa-uMoya oyiNgcwele wayesebenza ngemihla kaAbraham, wasebenza ngemihla kaKristu, wathembisa ukuba uyakubalapha azo kwenza loo nto inye. Ulapha. Ngoku, ukuba ndinixelele iNyaniso. UThixo ubophelelekile kuLoo Nyaniso.

170 Ukuba andiligcini ilizwi lam, andiyondoda ithembekileyo. Ukuba awuligcini ilizwi lakho awuyondoda ithembekileyo. Ngoku, ndinokukuthembisa into ethile endingakwaziyo ukuyenza, kodwa—kodwa ndizakubuya ndikuxelele. Ukuba ndikutyala into ethile, ndize ndizimele kuwe, ndingumhanahanisi. Ukuba ndiyeza ndikuxelele ukuba, “Ndiyakutyala, kodwa andikwazi ukukuhlawula, kodwa ke ndizakuzama ngako konke endinako.” ngoko ke uyandixolela undincede. ’Yabona?

171 Sonke sinento esimtyala yona uThixo. Simtyala ubomi bethu. Makhe sinyaniseke ngaloo nto. Siphume sithi. . . Singathi, “Kulungile, ngoku khangela, ndi—ndingumRhabe. NdingumWisile. NdigowakwaMoya. Ndilibandla likaThixo.

NdingumNazarethe. NdingumPilgrim Holiners." Musa ukucinga loo nto! Kuyakubakho izigidi zabo banjalo esihogweni. Wena yiba nguMkristu, okuKristu.

172 Bangaphi abazakuthi, "Mzalwan'uBranham, ndikhumbule emthandazweni ngoku, ndifuna ukuvuka"? UThixo anisikelele.

173 Nkosi, Uyazibona izandla zabo. Iyure yiyo le, uMoya oyiNgcwele omkhulu usizolisile esi sakhiwo kusasanje. Ndiyabuva uBukho baKho. Ndiyaqonda ukuba Ulapha uzokuhlonipha iLizwi laKho, "Mna Yehova ndityalile, kwaye Ndiyakukunkcenkceshela imini nobusuku, hleze kubekho abakunyothulwa esandleni saM." Ulithumele iLizwi laKho uluba lenze injongo, kwaye Li—Linyanzelekile ukuba liyenze, Nkosi. ISibhalo sithi isenguWe izolo namhla, nangonaphakade.

174 Abazange bakholwe, abantu abaya ngemihla yaKho abazange bakholwe ukuba uMoya oyiNgcwele wayekuWe. Kwaye Wazenza Wena (unguMntu) uThixo, ntoleyo ithi, Wena wawunguNyana kaThixo ozelwe yintombi owezayo ehlabathini ukuza kusihlangula ezonweni zethu. Kwaye ngenxa yokuba bawubonayo uMoya oyiNgcwele kaThixo ukuWe bazama ukuyenza enye into. Waye ke Wabaxelela, Nkosi, "AsindiM oyenzayo imisebenzi, nguBawo lowo uhleli kuM. NguYe oyenzayo imisebenzi. Ukuba nibiza u-Abraham ngokuba ngu 'yihlo'. U-Abraham wawubona umhla waM." Ngokuqinisekileyo, wawubona, ngeliya xesha wayemi ecaleni kwaKhe, waMbona esenza laa misebenzi nomqondiso. "Wawubona umhla waM wavuya." Wathi, "Niyalahleka, ngokuba ningazazi iZibhalo kwanaMandla kaThixo, indlela uThixo awasibekela ngayo intombi, yaza yazala uNyana (ngokuzalwa ingazananga nandoda) waza Wazihlalisa enzalisekweni yaMandla aKhe, kuloo Ndoda inye."

175 Nendlela Awathatha ngayo elo Gazi linye kulooMzimba, Wawunikelayo njengeDini, waze wangcwalisa abantu ukuze kwaYena ahlale kubo, aqhube umsebenzi waKhe kude kube sekupheleni kwemfezeko! Owu, Thixo, bavuse abantu bayibone loo nto. Siphe oko. Sindisa wonke ophakamise isandla sakhe. Hlambulula iintliziyo zabo. Nkosi, ndiziphakamisile izandla zam. Ndihlambulule, Owu Nkosi. Le yindlu yokulungiswa. Yindawo esimele ukuhlanjwa kuyo le. Mawusihlambe uMoya oyiNgcwele kusasanje, usihlambulule kuko ukungcola.

176 Siyathandaza, Nkosi, ukuba kungabikho mntu uyakumka apha engazaliswanga ngoMoya waKho. Mhlawumbi akusayikubakho nomhlali omnye ovela ngaphandle ukwenzeka kwaloo nto. Kodwa, Nkosi, yiya kwingaphakathi, lisuse iqokobhe usibonise into esiyiyo, Nkosi. Siphe oko. Uze usizalise ngoMoya waKho, nentliziyo enyanisekileyo nenyulu. Nangelixesha lentshutshiso nezilingo ezinzima, Uyakuva

ukukhula ukuba mnandi nokuthandeka kuthi sisahamba indlela, silinde loo mini. Ngoku iinyembezi zisehla ngezidlele zethu, ngenxa yezono zesixeko, wanga uMoya oyiNgcwele angakhangela ezantsi athi, "Nanko omnye eNdinokumphawula, ungoWam,ungoWam." Siphe loo nto, Nkosi. Yanga ingafunyanwa phakathi kwethu namhlanje. Siyicela eGameni likaYesu. Amen

Xa ndifik'emlanjeni ekupheleni kwemini,
Nemimoy'okugqibela yentsiz'ibhudla;
Kobakh'umnt'olind'ukundikhombis'indlela,
Andisayi kuwel'iYordane ndedwa.

Andisayi kuwel'iYordane ndedwa,
UYesu wafel'ukusus'izono zam zonke;
Xa ndibon'ubumnyama, Uyakub'endilindele
Andisayi kuwel'iYordane ndendwa.

177 Ndifuna ukumazi ngoku. Thabatha isandla sam, Nkosi ethandekayo, ndikhokelele phambili, ndenze ndibe nokuma. Mandime apha, Nkosi, ndichasane nayo yonke into ekuthiwa imbi, yonke into ekhangeleka ingeyiyo. Andikhathali nokuba ngubani na othini na, mandime mna, Nkosi. Sendenze konke endinokukwenza, ndincede ukuba ndibe nokuma. Thabatha isandla sam unditsale ndiphumele kuko konke, Nkosi. Makubekho into endiyenzayo mandime. Zakuza ezo zinto, nobutyebi belihlabathi nabo bonke ubuyokoyoko nozuko lwabo; wamfamekisa amehlo am kubo, mandibone kuphela Lowo Wandifelayo. Nokuba loo nto indibiza zonke izihlobo endinazo, nokuba idla yonke into endinayo; oko akuthethi nento enye, ndikunikela konke esibiguqweni. Yiyo leyo, mandihlale ndithembekile. Ukuze ngenye imini xa umphefumlo uyakuba uphephezelela ebusweni kum, ndibe ndisazi ukuba intliziyo yam iyekile nentsuku zam ziphelile, nexesha lam liphelile nekhadi lithatyathiwe kwindawo yokuxhoma, ndifuna ukungayiweli ndedwa iYordane. Uyakuba ekho. Ewe. Xa ndiyakube ndibona ubumnyama, Uyakuba endilinde apho, akuyi kufuneka ndiyiwele ndedwa iYordane. Ukuba ndiyakuMmela ngoku, Uyakundimela ngoko yena. NdiyakuMphilela Lowo wandifelayo, buyakuba bobolonwabo obunjani ke ubomi bam. Yindlela endifuna ukuma ngayo leyo.

178 Ndiyaqikelela ukuba bakho abantu abagulayo apha. Ingaba uwakhuphile amakhadi? Ndilibele. Bawakhuphile amakhadi? Kukho ikhadi elikhutshiweyo? Kukho abantu abanamakhadi okuthandazelwa? Hayi.

179 Ndisalindele nje uMoya oyiNgcwele. Ukuba ningakholwa nje kuphela, nibe nokholo nje, ningathandabuzi. Ukuba uThixo uyakundityhilela iinkathazo zenu . . . Nokuba ziyintoni na, andazi; ukuba ungaphakamisa isandla sakho, ungandazi

ndingakwazi nam. Ngoko ukuba uThixo uyakutyhila apha, ungakholwa ukuba isekwasesa Sithunywa sinye sazisa uMyalezo phaya kudala kanye phambi kwentshabalalo ngoko,ingaba ikwaseso Sithunywa sinye siwuzisa khona ngoku phambi kwenye intshabalalo. UngayiKholelwa loo nto? Ukuba ungenza njalo, phakamisa isandla sakho. Kulungile. Kulungile, yanga iNkosi ingakupha.

180 Uhleli kufutshane kum. Kukho omnye ohleli kufutshane nam, nguNkosk.Snyder lo ulapha, mhlawumbi uNkosk. Murphy lo, ligama lakhe elo, uhleli apha. Ndiyabazi.

181 Andiyazi le ndoda, ingumhambi kum. Kodwa uThixo uyayazi. Ukuba uThixo angayityhila ngoku, bangaphi abaziyo kuni ukuba ayi . . .

182 Ningajongi kum. Mna, ndiyinkwenkwana yeentaba yaseKentucky, ngokusingisele koko. A—andinayo namfundo yaneleyo, andikwazi kakuhle, no—nokubhala igama lam. Kodwa ikho into enye, endiyaziyo, ndiyamazi Yena. Kwaye koko, koko—koko kuphela endikhathalele ukukwazi. Ngoku, ninga—ningayihoyi indlela yokubiza kwam amagama.

183 Usenako ukucinga ukuba iNtshumayelo yam ibiphume emgceni ngokupheleleyo nako konke kusasanje, yingqamanise neBhayibhile kube kanye ubone ukuba awuchananga ngqo emxholweni na. Ubone ukuba awujolisanga phakathi na waku—wakuyibeka phezu kwayo. Musa ukuyingqamanisa nezakho iingcinga, koko yingqamanise naWakuthethayo. “Limxinwa isango, icuthene indlela, bambalwa ke abalifumanayo; kuba iphangalele indlela esa entshabalalweni, libanzi nesango, baninzi ke abaya kungena kulo,” zizigidi eziphindwe ngezigidi abayakungena apho. Uyakuba mnye kwisigidi iyakuba yiloo ndlela eza ngayo. Nantso ke. Yiloo nto kanye Awayithethayo. Ngoku akazange akhuphe elo nani, kodwa Wathi,“Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, imiphefumlo esibhozo. Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, yamithathu.” Phakathi kwayo yonke loo nto, kwasindiswa babathathu, ngomlilo. Kuyakubanjalo!

184 Ngoku, ukuba umntu ungowomoya ngenene, ndifuna ukuba nikhangele le ndoda ihleli apha, ijonge kum lonke ixesha kangangoko inokuba nako. Iphakamise isandla sayo, andiyazi, andizange ndiyibone, akukho nto ndiyaziyo ngayo. Ihleli nje phaya ikhangele kum. Kodwa,’yabona, yenza unxibelelwano, iyathandaza. Ngoku, injalo loo nto. Ngoku, ukuba iNkosi iyakundixelela . . . Laa ndoda ihleli kude kangakaya kum, ibe kokokuqala sihlangana, kwaye nantso ihleli phaya. Ukuba iNkosi inganditыhilela ukuba yintoni eyi—yintoni ezi.. A—Andinakuba nakuyiphilisa. Andikwazi, andinakuyenza loo nto, kuba uThixo sele eyenzile. Kodwa

ingalwandisa ukholo lwenu. Wonke umntu uyabona ngoku. Ulapha kanye, ikwanguMoya omnye. Kwaye khumbula, UYesu wakuthembisa oku ukuba, kuyakuba phambi kwexesha lokugqibela. Usoloko ingowokugqibela.

185 Ngenye imini, uLeo ekunye nam sasihleli estratweni, sinabanye bethu sincokola. Ndathi qho ndisiva inguqu efikayo, Sathi sakuthetha ngayo, ayinakuba yinguqu kulungiselelo lwam iyakuba kukutshintsheka kum. Bendisoloko ndilibhetyebhetye ndiyeka nje abantu bandikhokele bandibonise, bandithumele *ngapha* na*ngapha*. Ukuba bendenze into iNkosi eyandixelela ukuba ndiyenze kwakudala kakhulu, ngendingekho kule nkathazo ndikuyo namhlanje. Ndiyaphumua kule veki izayo ndiyakuba ndedwa kunye noThixo. Ewe, mhlekazi. Ndi—ndinyanzelekile ukuba ndive okuphuma eZulwini. Andifuni kuba libhetyebhetye, ndifuna ukuma kokwam ukuqonda.

186 Le ndoda, kuthe gqolo ukubuyela kuyo, ihleli phaya emva, kuba laa ndoda iyakholwa, iyakholwa ngokupheleleyo. Ndisijonga ndawo zonke isihlwele esi Kuwela kwaphaya kanye phezu kwalaa ndoda. Inayo intswelo yayo, umthwalo wayo, kodwa inomthwalo ngomnye umntu. Injalo loo nto. Uthandazela omnye umntu. Unomnye umntu osentliziyweni yakho. Injalo loo nto, asiyiyo? Ngumhlobo. Ukuba ndiyakukuxelela ukuba ukhathazwa yintoni na loo mhlobo, uyakundikholelwa ukuba ndisisicaka sikaThixo? Ulinxila. Injalo loo nto. Ukuba injalo, phakamisa isandla sakho.

187 Uyakholwa? Omnye umntu kweli cala uphakamise isandla, nanku umfazi apha emva, omnye. Ewe. Ewe. Awundazi? Ndingumhambi kuni nonke? Andinazi, kodwa uThixo uyanazi. Niyakholwa yiloo nto? Ukuba uThixo angandityhilela into esentliziyweni yakho, uyakukholwa kum ukuba ndisisicaka saKhe? Nkosazana encinane, into okhathazwa yiyo lolwa sana luphaya. Injalo loo nto. Olo sana ke lunesifo sokurhawuzela kwesikhumba ebusweni. Ugqirha akakwenza nto ngalo. Ungumhambi apha, wena kunye nesithandwa sakho eso sihleli apho. Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba ungubani na okanye uvela phi na? Uyakholwa yiloo nto? Ungakwamkela ukuphiliswa kosana ukuba Angenza njalo? [Inenekazi lithi, "Ewe"—Mhl.] Kulungile,ungaphindela eSomerset, eKentucky, apho avela khona. Ukholwe ke luyakuphila, ukurhawuzela kobuso kwakho kuyakuluyeka usana ukuba ungakholwa yiloo nto.

188 Ndithe ndakulibiza eloo gama, kukho umntu ome phaya emva eholweni, ovela eSomerset, eKentucky, othandazayo, onesifo sentliziyo. Uyakholwa ukuba uThixo angaziphilisa? Ukuba uyakholwa kuloo nto ngentliziyo yakho yonke, ukholwe ukuba uThixo angaphilisa enze kuphilwe.

189 Nasi, nasi, ndiyakholwa ukuba sisandla somntu othile esi sinyuka phaya, kanye phaya, linenekazi. Ewe, ndisibonile isandla sakho. Ndingumhambi kuNkosazana? Andikwazi? Asizange sahlangana? Uyakholwa ndim ukuba ndisisicaka saKhe? [Inenekazi lithi, "Ewe"—Mhl.] Uyakholwa? Unomthwalo osentliziyweni yakho, okanye into enjalo. Uyakholwa ukuba xa uThixo enokuyityhila kum, ukukholwa ukuba Lo nguMoya omnye nalowa wawukuKristu? Umyeni wakho lo uhleli phaya, akholwe yiloo nto, naye? Ungakholwa yiloo nto nawe? Umalunga nentombazana yakho ehleli apho ecaleni kwakho. Injalo loo nto, inomhlaza. Kodwa uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiphilisa? Ukuba uyakholwa, phakamisa isandla sakho. Kulungile mbeke izandla umntwana lowo.

190 Nkosi Yesu, kuBukho boMoya waKho, ndiyayikhalimela loo demoni ibulala umntwana. Ndibeka ngokholo, iGazi likaYesu Kristu phakathi kwaloo mbulali nomntwana. Mayimyeke. Amen.

191 Kholwa kuThixo. Musa ukuthandabuza. "Ukuba unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka." Ukuba ungakholwa, zonke izinto zinokwenzeka. Ngokuchanekileyo.

192 Kukho omnye umntu phaya emva ophakamise isandla sakhe, kwenye indawo, wena, inenekazi eliphaya ekugqibeleni. Uyakholwa ndim ukuba ndisisicaka sikaThixo? Andikwazi, nawe awundazi. Uyakholwa ukuba uThixo angandityhilela ukuba yintoni na inkathazo yakho? Ungamamkela uYesu ukuba abe nguMphilisi noMboneleli wakho, nokuba iyintono na, nokuba iyintoni na. Uyayikholwa ke? Kulungile, ngoke oko kukhathazwa yimithambo yoluvo ubunako, yiloo nto obunayo. Ukuba kunjalo yima ngenyawo, ukuba kunjalo, khon'ukuze abantu babone ukuba yinyaniso. Kulungile, izakukuyeka ngoku. Goduka uphile. UThixo akusikelele.

Uvela eKentucky, nawe. Ehe-h, kunjalo.

193 Eli nenekazi lihleli ecaleni kwakho livela eKentucky, nalo. Livela khona, nalo. Andikwazi, ndiyakwazi? Kodwa ndingakuxelela ukuba yintoni na ekuhluphaya. Ukuba ndingakuxelela into ekuhluphayo ungamamkela uKristu njengoMphiliso wakho? Isenyongeni lakho. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho, phezulu kakhulu ukuze babone abantu. Kulungile, goduka ngoku, iyakukuyeka. Ukholo lwakho luyakuphilisa.

Ndiyanimema ukuba nikholwe. Ndimemela ukholo lwenu ekukholweni.

194 Nali inenekazi lihleli apha, lithandaza, liyinyusele ngasebusweni itshefu yalo. Andikwazi. NguThixo okwaziyo. Uvela eJoliet, e-Illinois, kwaye unethumba. Injalo kanye loo nto. Usenokumangaliswa . . . (Ewe, nguye—ngulamfazi ebeziswe nguRosella. Injalo loo nto. Yima ke, undixelele ngaloo nto,

kodwa ebengazi ukuba andimazi laa mfazi. Injalo loo nto. Kwenzekile nje ukuba ukholo lwalo mfazi lube lukhulu, Ndizakukuxelela enye into o—owaziyo ukuba andiyazi. Uthandazela lomntwana uhleli apha ekupheleni kwesitulo ugulayo. Ngumntwana wakho lowa. Injalo loo nto. Amen. Uyazi ukuba bendingayazi loo nto.

195 NaNtso ke, UnguMoya oyiNgcwele! UyaMkholelwa? UyayaMkela? Ngoko ke ukuba injalo loo nto, oko ndikuthethileyo nge"sango elimxinwa, icuthene nendlela" iyinyaniso. UYesu Kristu, uNyana kaThixo, ulapha kanye ngoku. UMoya kaThixo ophilileyo ulapha kanye. Niyakholwa nguWo? Ngoko, ukuze nazi ukuba andingomntu ufanele ukuphilisa konke, andingomphilisi, koko uMoya kaThixo wandinyula nje ukuba ndiWubonakalalise. Andinayo namfundo. Akukho nto ndiyaziyo. Koko nguMoya oyiNgcwele ayenzayo le nto, uyabona, kwaye Ufuna ukuba nazi ukuba ndinixelele iNyaniso.

196 YiNyaniso le, ukuba uYesu Kristu uyaniphilisa nonke ngabanye khona ngoku ukuba niyakholwa yiloo nto. Ngoku njengokuba . . . Ukuba Yasebenza eKingston, abathi abavangeli, okanye nabani na ophaya, baYibona isebenza eKingston, ngamawaka awaphiliswayo, Ingathini ukungasebenzi apha, kuleMelika apho sinayo ngale ndlela iyiyo ngoku. Kutheni singaYikholelwa nje? Ngokuba singenako ukuwela elaa qhinana liphaya ngaphesheya. Niyakholwa yiloo nto? Phakamisani izandla.

197 Ngoku, kwa ezo zandla zinye, zibeke phezu komntu osecaleni kwakho, mandimthandazele ndikule ndawo kanye, kwaye ungabi namathandabuzo konke entliziyweni yakho, oku kuyakuyiphelisa.

198 Owu, bethu, Mzalwan'uNeville! Ndlela le bendinqwena ngayo, ndlela le bendithandaza ngayo ndi . . . . Usenokucinga ukuba ndiphambene; andinjalo. Ndiyazazi indawo endikuyo kanye. Ukuba bendinokuzisa le nto incinci nje kuni! Niyayiqonda into yokuba uYesu Kristu, uNyana kaThixo, apha phakathi kwabantu kusasanje, khona ngoku, uKho khona ngoku, eZibonakalisa?

Ke, uthi, "Mzalwan'uBranham *nguwe* othethe laa nto."

199 Ndiyithethe njani? Andinazi. Nankuya omnye umfazi one-TB. Uphilisiwe, dade. Akusikelele. Uxolo, ubuthandazela umfazi one-TB, kakade yena ngumfazi onentloko engwevu. Ewe. Kulungile, kholwa yiloo nto. Kulungile. Ulapha. KubuBukho baKhe.

200 Ngoku, nantsi into Awayithethayo, "Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholwayo. Bayakubeka izandla phezu

kwemilwelwe, iphile." Angathini ukuxoka? 'Yabona ayixhomekekanga kuYe, ayixhomekekanga kum, ngoku kukuwe. Ngoku kholwa.

201 Ndijonge inenekazi elincinane elihleli phaya emva khona ngoku, linokholo olukhulu. Lona kunye nomyeni walo basandula ukubuyela eNkosini. Lihleli apha kule nkonzo, belineqhubu abezakuthi ugqirha aliqhaqhe kulo, kanye ngaphambili, umntwana walo ke wayesele eza kuzalwa. Waza ke ugqirha wabe ezakulenza uqhaqho emva koko, kodwa wathi akuzalwa umntwana ababisafumana qhubu kwakhona. Labe liphelile lonke. 'Yabona? Ngoba? Lalihleli nje phaya . . . Lalingazange linyuke lize apha eqongeni ngolu hlobo. Lahlala nje phantsi phaya emva layikholelwa. Akunjalo, Nkosk. Green? Ndiyakholwa ukuba kunjalo, apho emva? Kunjalo kanye. Niyasibona isandla sakhe? Ugqirha akanalifumana nokulifumana eloo qhubu, liphele lonke. Ngoba? Wayikholelwa, waphuma nje wathi, "Iyinyaniso!"

202 Ngoku nawe yenza kwa loo nto, kwaye zonke iinkxwaleko onazo ziyakukuyeka. UThixo Onako—Onako ukuthumela iNto kumzimba womntu, nje kwelaa nxeba lenyoka belikwelaa nyawo lalaa ndoda, linetyhefu, liza kuyibulala, ize ibe nokuyimisa iyibulale kuloo ndawo kanye, kungakanani ke ekubeni nokubulala kwaKhe ukugula okusemzimbeni wakho. Ngokuba laa ndoda yayisenkxwalekweni kufuneka incediwe. Kufuneka uncediwe nawe. Ukuba awulufumani, uzakufa.

203 Ngoku bekani izandla omnye phezu komnye. Ungakhe uzithandazele, thandazela lomntu usecaleni kwakho. BuBuKristu ke obo.

204 Fundani oku, fundani oku, le ndlela wenza ngayo kwabanye yindlela owenza ngayo kuKristu. Ukuba wenza ubulungisa komnye umntu, ulungise kuKristu. Ukuba umphatha kakubi omnye umntu, uphethe kakubi uKristu. Owu, bethu!

205 Owu, ukuba bendinokufumana nje ukuba kudlulele ngaphaya oku, ukuba bendinokwenza nje ukuba abantu bayibone, into endikhangelene nayo nento endiyivayo, nento endaziyo ukuba iyaqhubeka, 'yabona. Indlela uKristu anyanzela ngayo emva kwaloMyalezo wakusasanje, ukuba ungene ezintliziyweni zabantu ube nento oyidalayo apho; ingekuko ukuvuya nje, hayi imihlali (ihamba kunye nayo), koko idale ukholo olungenakufa apho olungenakuthi, lulunike i–intshi nje utshaba.

206 Ngoku, Uyakuwuva umthandazo wam, Uyakuwuva nowakho. Thandazelanani ngoku, ngoku ndizakube ndinithandazela nonke.

207 Owu Nkosi, eli xesha lobunzima obukhulu, siyaqonda ukuba lizakuthetha umahluko phakathi kokufa nobomi, kwabaninzi. Kwaye ndiyangcangcazela Phambi kwaKho, kuba

ndiyazi, Nkosi Thixo, ukuba kufanele ndithandaze ngentliziyo yam yonke. Ndiyaqonda ukuba nangona kunokwenzeka ukuba kungabikho mntu ugulayo phakathi kwethu kwimizuzu emihlanu elandelayo, ukuze wonke umntu apha abe nokuqonda ukuba ulapha Wena. Naba bemi apha kusasanje, Nkosi. Mabaphakamise izandla abaa bantu baziyo ukuba bendingabazi, ndingazi nanto ngabo. Kodwa uMoya oyiNgcwele uyabazi. Uyayazi imfihlelo yentliziyo yabo, Unokuzazi ngokungaphezulu kanjani ke inkxwalelo zabo neentsokolo zabo! Ngoko, Nkosi, makube namhlanje, makube khona ngoku apho uMoya oyiNgcwele waKho ayakuyichukumisa imizimba yabo egulayo. Siphe oko, Nkosi. Bayathandazelana.

208 Kwaye ndiyathandaza, Thixo Othandekayo, ukuba uMoya oyiNgcwele ayenze ibe yinene kakhulu kubo, ukuze bangabuye bangayikholelwa kwakhona. Kwaye kukho okunye ukugula, Nkosi, okukhulu ngaphaya koku kugula kukokwenyama, kukugula komoya ke oko. Yanga yonke intliziyo ingavuleka.

209 Nkosi, ingenzeka njani into yokuba Wena ube wawumi phaya ecaleni ko-Abraham, waza wenza kwale nto, waxelela uSarah owaye“semva” kwaKho, sitsho iSibhalo, “wahleka esententeni,” waze Wena wamxelela.Waze u-Abraham waqonda ukuba yayinguElohim lowo, uThixo omkhulu. Kwimizuzwana nje embalwa Waphela emehlweni.

210 Kwaye, Nkosi, wathi uYesu akuma esenza loo nto inye, wathi,“Nibiza u-Abraham ngokuba ngu ‘yihlo’, nibe nisithi niyazazi iZibhalo.” Wathi, “Niyalahleka, ngokuba ningazazi iZibhalo kwanaMandla kaThixo.” Baze baMbiza ngokuba ngu“Bhelezabhubhe.”

211 Kodwa Wathembisa ukuba ngemihla yokugqibela Uyakuwuthulula uMoya waKho kwakhona. Wathi umprofethi, “Ngexa langokuhlwa kuyakuKhanya.” Naku kukananjalo.

212 Xa eli hlabathi lingumgqakhwe liwohloka phantsi kwesono, ngokwendoda enxilayo egxadazelayo igoduka ngokuhlwa, kwakamsinya liyakudutyulwa ukusuka embindini, kungasayi kubanathuli laqhushumbo-mhlaba, ngokuphandle, oluya kusala. Siyalibona ke ixesha libetha lisimka.

213 Owu Thixo, susa konke ukuthandabuza kuthi. Singenise kuloo msinga khona ngoku. Yiza, Moya oyiNgcwele. Wamise amaphiko aKho amakhulu, fukamela kwesisihlwelana sabantu khona ngoku, Zenze ukuba unyakamiselwe ezintliziyweni zabo, ukuze wenze ukuba bazi ukuba ukuBukho obuNgcwele, nguWe ke lowo, “ndinguYehova Ophilisa izifo zakho.” Kwaye banga uBukho baKho bungenza into ezintliziyweni zabo eyakubenza ukuba baphume apha, kusasanje, bekholwa ngako konke okukubo. Wanga ke wonke umntu ogulayo noxhwalekileyo angaphiliswa.

214 Kuba, njengomkhonzi waKho, ndimile ndilikhalimele lonke idemoni, ndikhalimela ukugula, ndikhalimela uSathana.

215 Woyisiwe, kwaye akukho nto inguwe ungumkhohlisi. Njengokuba sifuna undikho kuwe kusasanje, eGameni likaYesu Kristu. Kwaye njengesicaka saKhe, ndishumayela iLizwi laKhe ndibaxelela abantu eyona Nyaniso, ukuba bahambe bayokulungisa ukuze bangqamane neLizwi likaThixo. NdiyakuKhalimela, Sathana, eGameni likaYesu Kristu. Phuma kubo bonke aba bantu bavela kude nakwindawo ezikufuphi, ukuza kuphiliswa. Phuma kule ndimbane nakwaba bantu. Ndiyakuyalela ngoThixo ophilileyo. Kwaye yathi iBhayibhile, "Isikhungo esishushu, esisebenzayo selungisa siyeyisa kakhulu." Maninzi ke amalungisa abeke izandla zawo phezu kwabagulayo, kusasanje apha. Owu, Sathana, ungathanda ukuba bacinga ukuba ibindim, ukuze ubenokuthatha uzuko lumke kubo. Koko lukholo lwabo kuThixo, futhi, bamkholelwe uThixo! Kwaye kunyanzelekile ufuduke, ngokholo lwabo. Ngoko qalisa uhambo lwakho umke apha, uye ebumnyameni apho ungowakhona. Ndiyakukhalimela, eGameni likaYesu Kristu, ngegunya likaThixo weBhayibhile, nomyalezo oweza kum ngeNgelosi. Hamba ngoku, ngeGama likaYesu Kristu, ubayeke bakhululeke. Amen.

216 Niyakholwa, ngentliziyo zenu zonke, ukuba niphilisiwe? Phakamisa isandla sakho, yithi "Ndiyamamkela uYesu Kristu njengoMphilisi wam. Onke amathunzi emkile kum. NdiyaMamkela ngoku enzalisekweni yamandla aKhe, kwintsikelelo yoBukho baKhe. NdiyaMamkela."

Lukhangele kuWe,
Mvana yeKalvari,
Msindis'ongcwele;
Ndive ndithandaza,
Susa ityala lam,
Mandingaze ndimke
kuWe ndlela.

Ngoku masiphakamise izandla zethu ngendlela ethambileyo ngenene sibhekise kuYe ngoku.

Ndisacandudada,
Lwentlalo enzima,
Ndikhokele, Owu Thixo;
Susa ubumnyama,
Sula inyembezi,
Mandingaze ndimke
KuWe ndlela.

[UMzalwan'uBranham uqalisa ukungqumshela "Lukhangela kuWe."—Mhl.] . . . ubabalo olutyebileyo!

Ibandla Nemeko Yalo
(The Church And Its Condition)
Agasti 5, 1956

Limxinwa Isango
(Strait Is The Gate)
Matshi 1, 1959

Ibandla Elikhohlisiweyo, Lihlabathi
(A Deceived Church, By The World)
Juni 28, 1959

Le Miyalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham, yayishunyayelwe ngesiNgesi ekuqaleni kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, yathatyathwa kushicilelo-mazwri lukazibuthe yaguqulelwa esiXhoseni yashicelelwa ngowe-1994 ngabe Voice Of God Recordings. Iphinde yashicilelwa ngowama 2006.

XHOSA

©1994 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org